

Impembelelo Yomnye Umntu Komnye



Enkosi, Mzalwan'uNeville. INkosi ikusikelele.

Bhotani, zihlobo, kumnandi kakhulu ukubalapha phandle emnqubeni kwakhona ngokuhlwanje, ukuze sithethe ngeNkosi noMsindisi wethu, Lowo sithandana naye sonke ndiqinisekile, kungenjalo ngesingahlelanga kwesisakhiwo sishushu, sixinene ngalendlela singayo ngokuhlwanje, ukuba besingaMthandi. Ngokuba leyo yinjongo yethu yokuba lapha, kukuza kubonakalisa kuYe ukuba siyaMthanda. Kwaye nokulangazelela kwethu ku—kuchukumiseka kakhulu xa sicinga ngokusondela kwexesha laKhe. Njengokuba sibona imiqondiso yokuza kwaKhe ivela, silangazelela loo yure inkulu xa siyakuthi siMbone.

² Ukusukela ukuba ndandilapha ngenye iCawe iveki, baninzi esebehambile bayakuhlangana naYe. Omnye wabo ibinguNkosk. Ford. UNkosk. Levi Ford. Ebeneminyaka engamashumi asibhozo ubudala, umfazi othandekayo. Umyeni wakhe sekulithuba waswelekayo. Wayengusomfazwe kwiMfazwe yamaMelika namaSpanish. Kwaye kwibali lobomi bam ndakhankanya igama lonyana wakhe. Ngulowa wayezakundigcinela laa suti, uyazi, emva kokuba engasayinxibi, laa—isuti yo—ndiyakholwa ukuba yayiyisuti yoovulindlela. Waze wa . . . Ndathi xa ndandiyokulanda inxenye yayo, kwakushiyeke umlenze omnye kuyo.

³ ULloyd mhlawumbi ulapha ngokuhlwanje, loo mfana mnye. Kwaye ndi—ndandiqhuba umngewabo kamama wakhe ngenye imini. Waze wandicela, esithi, “Billy, ndinqwenela ukuba uthethe ngento ebonakalisa ukuba umama uyakuvuka kwakhona.” Yaza iNkosi yandinika umyalezo waloo nto kanye, okhuthazayo . . . Ngexa iBhayibhile, indalo iyonke, yonke into awayidalayo uThixo ithetha loo nto, uyakubuya avuke. Ngubani—ngubani oyakuthetha ngokuphikisana nayo ngoko? UThixo utsho, uyibonakalisa ngendalo yaKhe, uyibonakalisa ngeLizwi laKhe, uyibonakalisa ngobomi bakhe, nayo yonke enye into, unyanzelekile ukuba avuke, uyabona. Akukho ndlela yimbi, akukho nantoni na . . . Amazulu nehlabathi angasilela, kodwa oko akunakusilela. Ufanele ukuba abuye avele kwakhona.

⁴ Kuthe izolo elinye, umphathi owayekade ekunye nam, uMnu. Baxter (abaninzi kuni bayakumkhumbula; wayethetha kanye kulepulpiti), inkosikazi yakhe isweleke ngesiqophe ngokuhlaselwa yintliziyo. Yena ke uhlupheke elusizi kakhulu; ndaye ndiyathemba—ndiyathemba ukuba niyakumkhumbula uMzalwana uBaxter emithandazweni yenu xa nithandaza, kuba ungomnye wabazalwana bethu. Uhlala eVancouver ke, eBritish Columbia. Asibanga nakuhlangana ngoku isithuba seminyaka eliqela. Ndive ukuba inkosikazi yakhe ihlaselwe luhlobo oluthile lokukhathazwa yimithambo-luvo okanye into enjalo, waze ngesiqophe waphathwa kukuhlaselwa yintliziyo wabe ke umkile. Asinako nje ukwazi ukuba kuxeshanini na ayakubiza ngalo. Kuthi ke yaku—Akubiza, kufuneka sibe sikulungele. Naso isizathu esibanga ukuba sibelapha ngokuhlwanje.

⁵ Bendiphaya kwelaa gumbi lokufundela phaya—e-ofisini, gxebe, ndithetha noMnu. Moore. Ebendicenge... Bendi...?... Bendizama ukubaleka uMbulelo; bendifuna ukuba nenkonzo apha yoSuku lokwenza uMbulelo, ndihambe ke ndiye eShreveport. Kuba, bendi—kunganzima ukuba ndibenokubanako. Waza ekugqibeleni wathi, “Kulungile, ukuba uya—uyakuqhuba iinkonzo ezintathu ngoku ukuze wona laa Matywina aSixhenxe uwaqhuba emva koko, unokusipha ke olwa suku lunye nangoko.” Ngoko ke ekugqibeleni, sesiyakumnika uLwesihlanu, uMgqibelo, neCawe. Ke ngoku, ndimthembise uLwesine, uLwesihlanu, uMgqibelo, neCawe. Iyakube ke iyi... IPentekoste izakube inamashumi amahlanu eminyaka ubudala eLouisiana u—uSuku lokwenza uMbulelo. Yawa kumashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo eLouisiana.

⁶ Ngoku, kusasa ngomso sizakuba bunyanzela ukuba wonke umntu ongenaso i—isikolo seCawe ahamba kuso... ndibona uMzalwana wethu othandekayo uDon Ruddell apha, kwaye ndiyazi ukuba unesikolo seCawe kusasa. Mhlawumbi bakho nabanye abalungiseleli abasuka apha ebumelwaneni abanaso isikolo seCawe. Ngoku, sifuna ukuba uye kwesakho isikolo seCawe ukuba unaso. Kodwa ukuba awunasikolo seCawe, ube uthanda ukuba kunye nathi, ndifuna ukuthetha kusasa, ndixhome ibhodi, ndifundise nge*Simo Esizeleyo Somntu Ogqibeleleyo*, ndisizobe e—ebhodini, ndibonise iimfuno zikaThixo nokuba singafika njani na kwisimo so—somntu ogqibeleleyo phambi koThixo.

⁷ Ukuze ngokuhlwa ngomso, iNkosi ithanda, ndifuna ukuthetha ngengongoma *Isikhokelo Sam*. Ngoko ukuba abanye

kuni bavela ngaphandle kwedolophu . . . Kwaye sifuna ukuzama ukuqalisa ezi nkonzu kuselithuba ukuba . . . Andikathethi nomlungiseleli, kodwa ndinqwenela ukuba nisiqale kusekusasa kakhulu isikolo seCawe kusasa. Inkonzu ke ngokuhlwa kwangomso, mhlawumbi, ukuba kuyenzeka, iqale nge-6:30 okanye kweso sithuba. Oko ke kuyakunika abantu ithuba lokuba ukuba bafuna ukuhlala . . . singaphuma nge-8:30, baze ke abanye babo . . .

⁸ Ndihlange ne nenekazi namhlanje eliqhuba isithathu okanye isine, limalunga . . . Lithe, ukuba liphume ngentsimbi ye-8 okanye nge-8:30, liyakufika ekhaya malunga ne-2:30 okanye intsimbi ye-3 ngentsasa elandelayo, umyeni walo esiya emsebenzini . . . Ngoko akukho sizakube siyenza nangoko kukuhiliza sijikeleza nje, ngoko—ngoko masize enkonzweni kuselithuba. Kwaye akufuneki sibena . . . Uyazi, akufuneki kuba sibe nankangeleko nje ngalento; uThixo ungaphandle kwenkangeleko, uyazi, iBhayibhile . . . ? . . . Ngoko, siyathemba ukuba nilapha nonke, kunye—naye wonke onako ukuba lapha.

⁹ Ngoku, ukuba nineyenu inkonzu, khumbulani, lo ngumnquba kankonzu-zonke apho abantu . . . ? . . . bezayo. Kwaye ubukhulu bezihlwele zethu zenziwa ngabantu bangaphandle kwedolophu.

¹⁰ Ngoku, ukuba kungenzeka ukuba kube kukho undwendwe apha, ndifuna ukunibonisa into. Ndisandulu'ukuza apha eqongeni kwaye andiboni ne—andiboni neshumi labantu endibaziyo. Bangaphi abantu abasuka ngaphandle kwesixeko iJeffersonville apha, phakamisa isandla? 'Yabona, ngamashumi alithoba ekhulwini. 'Yabona, 'yabona? Ngabahlobo nje. Bangaphi abalapha besuka kumgama wekhulu leemayile ukuba kude, phakamisa isandla. Ngamashumi amahlanu ekhulwini kwabo, abasuka kumgama ongaphezu kwekhulu leemayile ukuba kude. Bangaphi abavela kumgama ongaphezu kwamakhulu amabini eemayile ukuba kude, phakamisa isandla sakho. Kumgama wamakhulu amathathu eemayile ukuba kude, phakamisani izandla zenu. Khangela phaya! Kwimayile ezingamakhulu amane ukuba kude, phakamisani izandla zenu. Khangela apha! Kumakhulu amahlanu eemayile ukuba kude, phakamisa isandla sakho. Khangela apho, bangaphezu kwesahlulo sesithathu sebandla abavela kumgama ongaphezu kwamakhulu amahlanu eemayile! 'Yabona, ngabahlobo nje abathi bahlanganisane bevela apha ebumelwaneni . . . ? . . .

sizakubalapha. Ngoko ke sinombulelo ngani, kwaye silapha khon'ukuze sinincede. Silapha ukuze sinenzele konke esinokunenzela kona.

¹¹ Ngoku ke, bendifunda phaya emva i—incwadi unyana wam ebesand'ukundinika yona yenenekazi elithi ngoku—ukuza ngelithuba iyakuba iluhambo lwamashumi amathathu anesihlanu lisiza linethemba lokuba lizakuthandazelwa. Uqhube kwangamashumi amathathu anesihlanu umgama wamakhulu eemayile, uhambo olungamashumi amathathu anesihlanu.

¹² Kwaye ke kwakho khumbula, bamalunga namakhulu amathandathu anento abasalindileyo...?..bekumgca olindeleyo besuka ehlabathini jikelele belindele ukudlana iindlebe. Uyabona...?..ngumcimbi ongenakugqibeka konke. Xa sicinga nje ngendawo elapha kuphela, akunzima kakhulu ke. Singayiva noko loo nto...Yabona, kusehlabathini ngokubanzi. Ngoko ke si...?..

¹³ Ingaba elaa nenekazi lilapha endlwini ngokuhlwanje (likuhambo lwamashumi amathathu anesihlanu), belibhale laa newadi yokuba lakubalapha ngomso? Amatyeleli angamashumi amathathu anesihlanu onke lisiza apha lingafumani kude lithandazelwe. Ndiyaqonda ukuba alikho apha endlwini, mhlawumbi alikhangela libesabanakho nokuza. Kodwa bendigqiba ukufunda ileta yalo phaya emva.

Ngoku, ndibasoloko ndizama ukuthi xa ndihlile ndeza apha nge...Xa ndise...?..ndizakuthetha ngento kungabi kukuthetha nje, mhlawumbi ingabi yinto eyakukholisa abantu...ndizame ukuthetha ngento eyakuthi ikholise uThixo ibancede abantu ('yabona?'), ndenzela uncedo, ukuze sonke, kungakhathaliseki nokuba ungowayiphi na inkonzo, eliphi na ihlelo, ukuze ube nokuncedeka ekuhambeni ngokusondeleyo ngakumbi kuThixo. Sisizathu sethu sokuba lapha ke eso: ukuhamba kufutshane ngakumbi noThixo.

¹⁴ Xa ngoko sibona ukuba imini seyisangene ngoluhlobo ingalo, nokusondela kweNkosi...bendixelela inkosikazi yam namhlanje ndisithi, "Ukuba andinakufika mvuselelweni ndaweni ithile, ndi—ndizakutshabalala; andi—andinakumelana nalento. Ndi...Kukho into evuthayo nje apha ngaphakathi kwam."

¹⁵ Owu! Sisaphuma kuluhlu lonke leenkonzo apho bekusiza amawaka abantu. Akukhathaliseki ke nokuba ubunabantu

abazizigidi ezibini okanye ezithathu, ukuba akukho mvuselelo, loo nto yilaa nto sasiyibiza ngokuthi phaya eKentucky, ngumlembelele wenkonzo. Uyazi, sonke siphuma enkonzweni yomlembelele sasiyibiza olo hlobo. Sifuna imvuselelo ke apho uMoya weNkosi ushukumayo phezu kwabantu, nabantu besindiswa, nezinto ezinkulu zisenziwa ukuze kubekho into ethile enokwenzelwa uBukumkani bukaThixo.

¹⁶ Ngoku ke, enkonzweni yomthandazo, ngesiqhelo, si... Unokubona ukuba kutheni na singabanga nakuba namgca wakuthandazela apha. 'Yabona, kuxinene kakhulu, awunakuba nakuyenza loo nto. 'Yabona? Kodwa ngokwesiqhelo emigceni yokuthandazela kubakho abantu abe—abezayo bayifumane i—iNkosi ukuba iyinene. Sifumanisa ke ukuba iNkosi uYesu ayikaguquki nakancinane. Ukusukela kwinto Awayeyiyo, Uyiyo namhlanje, Eyakuhlala eyiyo. Kwaye iBhayibhile yatsho kumaHebhere 13:8, ukuba usenguYe izolo, namhla, nangunaphakade. Kwizihlwele zabantu ababehlanganiselana ukuya kuMva kuloo mihla, mhlawumbi kwakungafuneki ukuba bangene mgceni wakuthandazelwa; kodwa babesiba nokholo lokukholwa. INkosi yethu ke yayiye ijike, njengokuba ukholo lwabo lwaluYichukumisa, ijike ke, ibaxelele abantu ukuba kwakukho izinto ezithile ezingezizo kubo abebezenzile, ibaxelele ukuba bahambe baphiliswe, okanye bahambe bayokwenza into ethile, bayokulungisa into ethile, okanye enye into.

¹⁷ Siyazi ngomfazi equleni, nomfazi owayenethombo legazi, nabanye, owu abaninzi kakhulu, uBartolomeyu imfama, elathi ukholo lwabo lwaMchukumisa. Ngokuhlwanje UsenguMbingeleli Omkhulu wovumo lwethu esemkhulu njengokuba waYenjalo. Ngoku, kufanele ukuba sizinikele ukuba sibe zizicaka zaKhe. Yena nguMdiliya, u—umthombo woBomi. Singamasebe abamkelayo obaa Bomi. Ngamasebe ke athwala isiqhamo, hayi umdiliya. Ngoku ke, uKristu usebenza ngeBandla laKhe. Ukuze ke, ukuba sinokuziyekelela ngeyona ndlela ade uMoya Oyingcwele abenolawulo olupheleleyo kuthi ngokholo lwethu kuKristu, Uyakwenza kwa into enye, ngokuba unguKristu.

¹⁸ Ukuba ulapha ulundwendwe phakathi kwethu...Ngoku, esiqhelweni abantu abalapha...?...apha emnqubeni... Umlungiseleli wethu lo ubanomthandazo wabagulayo ngokuqinisekileyo njalo ngokuhlwa. Uthandazelwa ke nguMlungiseleli wethu onenceba othandekayo, uMzalwana

uNeville, indoda ayivayo uThixo ayiphendule imithandazo yayo, uMzalwana u-Orman Neville. No—noMzalwana uDon Ruddell, nabanye bababazalwana bathandazela abagulayo... NoMzalwana uJackson, ndiyakholwa ukuba ukho apha ndaweni ithile uvela kwelinye ibandla elingudade ezantsi eHoward Park.

¹⁹ Ngelithuba ke xa i—kuxinene kangaka, ukuba unokukholwa nje kuThixo...?...nantoni na oswele yona... Ube ulundwendwe ndingakwazi, cela nje uThixo ubone ukuba ayinguYe na izolo, namhla, nangonaphakade. Ubone ukuba Akanakuthetha into eyiyo na...?...Uyawkazi; Uyayazi into ohlutshwa yiyo; inye into ekufuneka uyenzile...?... kholwa kuYe. Emva koko ke, Uyakukusebenzisa njengesinye isixhobo mna ke ndibesesinye. Wathi uYesu, kuYohane Ongcwele 14:7, “Lowo ukholwayo KUM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye.” Ngoku, eso sisitya esiziyekeleleyo.

²⁰ Ngoku ngomso sizakufundisa indlela othi ube seso sitya ngayo, athi uThixo, uMoya Oyingcwele...?...asebenze ngawe. Ukuze ngoko...’Yabona, Wayenguye...?...UThixo wayekwintsika yomlilo, waze Waba—wahlala kuNyana waKhe, uKristu uYesu; ngoku useBandleni laKhe. Ngaxesha lithile Wayebizwa ngokuba nguYise, waze waba nguNyana, ngoku unguMoya Oyingcwele. NguThixo ezicacisa ngokwaKhe kwihlabathi. Inye indlela aWayenokuthi angene ngayo eBandleni yayikukuthi kuqala alifele iBandla ukuze aLingcwalise, ukuze ke aZicacise eseBandleni laKhe. Waze wathi kuYohane Ongcwele 15, “Mna ndinguMdiliya, Nina ke ningamasebe,” (‘yabona?’), isebe ke lithwala isiqhamo kuphela. INkosi inisikelele.

²¹ Ngoku ke, phambi kokuba si...Isifundo sangokuhlwanje...Kwaye andifuni kunigcina ixesha elide, kuba ndibona abantu bephakama, omnye ethabatha indawo yomnye, kuze kuhlale omnye, njalonjalo. Sizama ngamandla ukuba sifumane i—i—imvume yokuba sibenokuhlalisa amakhulu amathathu okanye amane abantu ngaphezu koku, kodwa isixeko sibonakala ngathi siyasibambezela kuloo nto, ngenxa yokuba singenandawo yaneleyo yakumisa iimoto. Sayifumana imvume evela e-Indianapolis, saze ke isixeko... Kunyanzelekile ukuba sibenayo indawo yokupakisha. Owu, sakungenisa abantu abane apha ngaphakathi, kufuneka sibe nendawo eyaneleyo yokubeka inqwelo apha phandle. Kube ke le ndawo yokumisa ilapha yeyedolophu, ngoko, ‘yabona,

bathi...Si—inkonzo yethu le ilapha ilunyawo nje olunye ukusuka kumda wedolophu. Eneneni—ke, umgaqo ophakamileyo, isizathu sokuba wakhiwe phaya...Kuba, abanye kuni, lutsha lulapha, abanakuyiqonda le nto, kodwa le ndawo yayikade ilichibi. Kwaye ndikhumbula ndiseyinkwenkwe, sasiye siqhube size apha, kufuneke sijikeleze phaya edlelweni ngaphaya kwechibi. Bayakha indlela yazungeza indlela—yazungeza ichibi.

²² Ndaza, ke ndathenga le ndawo ilapha. Ndithandaza kanye apha apho ikhona le ndawo, iNkosi yandixelela ukuba ndiyithenge kwiminyaka engamashumi amathathu eyadlulayo okanye iminyaka engamashumi mathathu anesibini, injalo, ndiyacinga. Kanye apha phakathi kumgxobhozo omkhulu udobo lulude kunentloko yam...Ndaze ndawuthenga lo mhlaba ngekhulu elinamashumi amathandathu ee-dollar, le kona—le kona kanye ilapha ndakha inkonzo.

²³ Ngoku, iNkosi inisikelele. Ndifuna (ukuba inokubizwa ngokuba ngumxholo, okunye kwe...), ukufunda isandulela kwendikubhalileyo; ndingathanda ukuthetha nabaphulaphuli ngokuhlwanje ngengongoma ethi *Impembelelo Yomnye*. Phambi kokuba sithethe ke okanye sifunde iLizwi, masithobise iintloko zethu sithethe noMbhali weLizwi.

²⁴ Ngoku ke, iintloko zethu sizithobisile neentliziyo zethu...?...ngokunjalo ekuhloneleni Yena okungewele, Ingaba bakhona...?...ngokuhlwanje abayakuba nesicelo abayakuthi—esibatshisayo entliziyweni yabo, baze baphakamise nje...?...isandla sakho phambi koThixo uthi emthandazweni, “Nkosi Yesu, ndineentswelo. Thetha nam ngokuhlwanje. Ndiphilise. Ndinike iintswelo zam zemali,” mhlawumbi nantoni na eziyiyo. Ubonelela zonke iintswelo zethu. UThixo anisikelele. Bamalunga namashumi alithoba ekhulwini ebandleni.

²⁵ Bawo wethu waseZulwini, sisondelela kuWe. Ngoku njengokuba siwushiya lo mnquba mncinci wodomgwe sihlala kuwo, le nqanawa incinci idada kwindlela engatyhilekanga yobomi, ngokholo sinyukela ngentla koMars, uJupiter, uVenus, inyanga, iinkwenkwezi, umnye wezulu, siyafika ke ngoku ngokholo kwitrone kaBawo. SiMbona ehleli apho, izandla zaKhe neenyawo zaKhe zigqojoziwe; langa eloo gazi ngoku lingasicamagushela njengokuba sibeka izipho zethu phezu kwesibingelelo segolide esingqonge itrone yaKhe.

²⁶ SiyaKubulela kuqala ngoYesu, Owenza ukuba zenzeke zonke ezi zinto kuthi sizakuzicela ngokholo lwethu. Uzibonile izandla, Uyayazi ukuba yintoni na ebibetha ngaphantsi kweentliziyo zaba bantu. Ndibeka ukholo lwam Nkosi phezu komnikelo ophezu kwesibingelelo segolide sikaThixo apho isiqhumiso sitshiswa khona imihla yonke. Ndiyathandaza ukuba Uyive imithandazo yabo, Bawo. Banike iminqweno yentliziyo yabo.

²⁷ Ngoku ke, njengokuba sihlange, Nkosi, ngokuhlwanje kwezinkonzo zintathu, silapha kwesi sakhiwo sishushu ngokuhlwanje kungenganjongo zimbi kodwa ikukuhamba naWe ngokusondeleyo ngakumbi. Sisazi emasikwenze...?... Nkosi, emasikwenze...Njengokuba watshoyo umprofethi, “Abo balindela eNkosini, bayakuhlaziyeka emandleni. Bayakunyuka ngamaphiko njengokhozi. Bayakugidima bangadinwa; bahambe bangatyhafi.” Nkosi, sifundise ukulinda emva kokuba sicelelele nokuba...?...nokholo lokwazi ukuba Uvile, kwaye ngexesha elilunge kuWe Uyakusithumela impendulo ihle ngezinyathelo zegolide ivela kwimijelo yeZulu izokungena emiphefumleni yethu. Saye siyakukwamkela oko sikucelayo, ngokuba siyayikholwa loo nto.

²⁸ Ngcwalisa iindlebe zethu ngokuhlwanje ukuba zive nentliziyo zethu ukuze zamkele; kwaye kwanga yakudlula lenkonzo, singangathi njengaabo babevela e-Emawusi, “Bezinyavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu ngexesha Ebethetha nathi endleleni.” Ngokuba sikucela eGameni laKhe. Amen.

²⁹ Ndingathanda ukufunda ngokuhlwanje isicatshulwa seSibhalo esifumaneka kwiNcwadi ka-Isaya. Ngomso, uqiniseke ukuba unalo iphepha, ndifuna ukuba u... Ndizakuba netshati ndiyixhome apha okanye ibhodi ndibe busizoba isifundo. Kwaye ndifuna ukuba usifumane kangangoko unokuba nako, ngokuba ungasifundisisa xa sowubuyele ekhaya.

³⁰ U-Isaya isahluko se-6, ndinqwenela ukufunda imiqolo embalwa kwesi sahluko ukukhupha umongontetho wo—wangokuhlwanje.

Ngomnyaka wokufa kokumkani u-Uziya, ndayibona iNkosi ihleli etroneni ende enyukileyo; amasondo eengubo zayo ezirholayo azalisa itempile.

Kumi iiserafi ngaphezu kwayo, iyileyo inamaphiko amathandathu, ngamabini ifihle ubuso bayo, ngamabini ifihle iinyawo zayo, ngamabini iphaphazela.

Iyileyo idanduluke kuleyo isithi. Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele uYEHOVA wemikhosi; buzalise ihlabathi lonke ubuqaqawuli bakhe.

Yadidizela imigubasi yeminyango lilizwi lowadandulukayo; yaye indlu izele ngumsi.

Ndathi, Athi ke mna! ngokuba ndithe shwaka, ngokuba ndiyindoda emlomo uyinqambi; ndihleli phakathi kwabantu abamilomo iyinqambi; ngokuba amehlo am abone uKumkani, uYEHOVA wemikhosi.

Yaphaphazela yeza kum enye yeeserafi, iphethelahlale elivuthayo, elithabathe ngesithabatho esibingelelweni;

Yalifikisa emlonyeni wam, yathi, Yabona, eli lahle lifikile nje emlonyeni wakho, bususiwe ubugwenxa bakho, nesono sakho sicanyagushelwe.

Ndeva izwi leNkosi, lisithi, Ndothuma bani na? Ngubani na owosiyela? Ndathi, Ndikho, thuma mna.

³¹ Ngu—ngumsebenzi ngenene lo xa sicinga ngo—ngoko kuyakukuthetha xa sifundisisa lo mbono ka-Isaya. Ku... Ndaba soloko ndimthanda u-Isaya. Wayengomnye wabaprofethi abakhulu. U-Isaya wabhala iBhayibhile iphela. Zingamashumi amathandathu anesithandathu iiNcwadi eBhayibhileni, no-Isaya ke wabhala izahluko ezingamashumi amathandathu anesithandathu. Uqala ngesiqalo sendalo; embindini weNcwadi uzisa angenise iTestamnte eNtsha noYohane uMbaptizi; aze kwisahluko sama-56 nesama-60 agqibele kwiMillennium enkulu [Uphumlo lwewaka leminyaka—Mguq.]: iGenesis ukuphumela kwiTestamente eNtsha ayokungena kwiSityhilelo. Wayeyindoda enkulu lo Isaya. Ekugqibeleni wafa njengobulawele ukholo phantsi kwesona sigwebo sikhulu.

³² Yonke indoda ezaliswe nguMoya yaseBhayibhileni yafa okanye yatshutshiswa phantsi korhulumente womanyano. Bonke ngabanye onokucinga ngabo: uMoses, abantwana bamaHebhere, noDaniyeli, no-Isaya, uIsaya wasarhwa wangamasuntsu ngesarha. Konke ke ukuhla, uYohane uMbaptizi, nabo bonke abapostile, uYesu ngokwaKhe, bonke bafa phantsi kwesona sigwebo siphezulu okanye isigwebo esivela kurhulumente womanyano. Kwaye ngokusingisele kwindlela izinto eziya zifumba ngayo, buzakuba buninzi

ubungqina obuya kongezwa kobabo ngolunye lwezi ntsuku. 'Yabona? Kwaye ukuba kwakhe kwakho ixesha esifanele ukunamathelana ngalo simanyane, kungoku.

³³ Ndiyakholwa ukuba niyeva ngomhlango oqhubeka eRoma, saye sine—banexesha eliminandi kakhulu phaya. Kananjalo bazakuqala imvuselelo. Izakuba yimvuselelo yehlabathi liphela, ngokuqinisekileyo.

³⁴ Masibuyele kulengongoma (sakuyifumana loo nto kuMatywina aSixhenxe)—le ngongoma yokuphenjelwa.

UKumkani u-Uziya wayeyinkwenkwe engumalusi. Wayekhuliswe... ethanda ubomi base zindle. Kananjalo wayelawula ngexesha lokuprofetha kuka-Isaya. U-Isaya wafumana ukufunda ko—komnye wabaprofethi ababalulekileyo. Ndiyakholwa ke ukuba yayingu Zekariya, awathi u-Isaya waba nokuqonda ngaye, owayengumprofethi ngexesha lokuvela kuka-Isaya. U-Isaya wayebiziwe ke, waye ke engu—engumprofethi. Abaprofethi abenziwa nje ngabantu; abaprofethi bazalwa bengabaprofethi.

³⁵ Ngoku, sikho isipho sokuprofetha esifikayo ebandleni, ukuba abantu banike isiprofetho. Amalungu amaninzi oMzimba kaKristu anokuyenza loo nto, sukube kuphantsi kwempemfumelelo oko. Kodwa umprofethi ubekwa eBandleni nguThixo, unyulwa kwangaphambili enyulelwa eso sipho so—sobuprofethi—okanye isipho sokuba ngumprofethi, hayi oprofethayo nje.

³⁶ Ngoku, ngoku, sifumanisa ukuba lo mfana wathabatha itrone. Ukuba ufuna ukuthabatha ezinye zeziZibhalo ubhale, kukwi 2 Zikronike isahluko sama-26. Ungafunda apho kuthethwa ngokuba uKumkani u-Uziya emva kokufa kukayise u-A-m-a-t-s-i-y-a, u-Amatsiya—emva kokuba efile, owayeyindoda elungileyo waza wajika wemka eNkosini, waza wabulawa kwangabakowabo abantu—u-Uzikaya wathabatha indawo yakhe—okanye u-Uziya, gxebe, wathabatha indawo yakhe njengokumkani. Njengokuba wabekwa etroneni wathanjiswa eneminyaka elishumi elinesithandathu ubudala, eyintwana nje, kodwa ke wayeselungelweni lokuba ngukumkani, kodwa wayeseyinkwenkwe nje. Waza waqhuba kakuhle. IBhayibhile isixelela ukuba wayenotata olikholwa nomama olikholwa, kwaye ke wayengenakuba yiyo nantoni na enye enenjalo yona impembelelo yokuba abe yinkwenkwe ekholwayo, ngokuba yayiyiloo nto eyayibekwe phambi kwakhe ngamaxesho onke.

³⁷ Uyazi into endiyicingayo? Wonke umntu unoluvo olulolwakhe. Kodwa omnye wabona bakhulu, ngokweyam imbono, oyena mongameli mkhulu sakhe saba naye kwesi sizwe yayingu—Abraham Lincoln. Ngoku, akukho ngenxa yokuba wayengum—Republican, kodwa ngenxa yokuba wayeyinto awayeyiyo, indoda elikholwa. Kwaye wakhuliswa, naye—ngokokuze akhonze uThixo. Waza wathi, “Ukuba kukho nto ndifuna ukuyincoma,” wathi, “okanye ubomi bam obaphenjelelwa yiyo, yayingumama olikholwa owandifundisa ukuthandaza nokumazi uYesu njengoMsindisi wam.”

³⁸ Owu! Usapho lwakho luyinto oyiyo. Ukuba ukhulisela umntwana wakho kwingingqi ethile; unethuba lamashumi alithoba anesibhozo ekhulwini elingcono lokwenza okulungileyo kunokuba ebenokwenza ukuba ubumkhulise ngendlela engeyiyo. “Mkhulise umntwana ngendlela eyeyakhe, naxa amdala akasayi kumka kuyo.” Mabakhuliswe ngendlela eyiyo, fundisa abantwana bakho ukwenza okulungileyo: ukuba bathembeke, ukuba bangabi namaqhinga banyaniseke naxa basesikolweni.

³⁹ Ngoku, ngamaxesha amaninzi abantwana bakhathaza ukukopa kwabanye, baze—baze bazame ukutyhudisa indlela yabo yokuphumelela esikolweni. Kodwa uyazi, ndicinga ukuba xa unokuyifumana ngokwakho, ngoko ke iba yinto o—onokuyivuyela iphepha lakho elilungileyo lodidi.

⁴⁰ Uyazi, ukuba nizakuba noviwo ngosuku olulandelayo, endaweni yokuba ube ujikeleza ubusuku bonke, uvuke ngentsasa elandelayo, ucinge, “Ngoko, ndizakuhlala ecaleni ko*Sibani-bani*; ukrelekrele; Ndize ke ndi—ndikope kuye,” ukuba unokuthi nje phambi kokuba uTata abulele kwitafile yesidlo sakusasa, ukuba unokuthi nje, “Tata, undikhumbule namhlanje, ndiyakuthabatha uviwo kwezamachiza,” nokuba yintoni na ke leyo. Ukuze ke, xa uthandaza, uTata, athi, “Thixo, sikelela uJohn, uMary kuviwo lwabo namhlanje.” Ndiyakuxelela, iyakuwuguqula umsinga.

⁴¹ Khumbula, singanako esikufunayo ukuba siyakukucela ngokholo sikhulwa. UYesu wathi, “Zonke izinto zinokwenzeka kwabo bayakukholwa. Aninanto ngokuba aniceli, aniceli ke ngenxa enokuba ningakhulwa.” Wathi, “Celani ngokukhulu ukuze uvuyo lwenu luzaliseke.” Ndiyayithanda loo nto.

⁴² Imfundiso yethu yokulungileyo: Thetha into elungileyo; yenza into elungileyo; cinga into elungileyo; cinga ngento elungileyo njalo. Kwaye ndinesaci esincinane:

Yenza okulungileyo, luxanduva lwakho kuThixo elo. Cinga into elungileyo, luxanduva lwakho kwisiqu sakho elo; nakanjani na ke uyakuba nesiphumo esilungileyo.

⁴³ Awunako ukuya empuma nasentshona ngexesha elinye, njengokuba ungenako ukuhamba ngokulungileyo nokungekuko ngexesha elinye. Akukhathaliseki nokuba ucinga ukuba uya kwelinye icala kangakanani na, ukuba awuhambi ngqo usiya entshona. . . Awuyi empuma ukuba uya entshona.

⁴⁴ Ngoko ke lo kumkani mncinane ephenjelelwe nguyise ngethuba awayesengumfana wamfundisa uSirayeli imimiselo kaThixo. . . Kwaze kwathi ngequbuliso wajika ngemihla yakhe yokugqibela wamfundisa ngokuchasene noThixo. Baze kwa abantu bakowabo. . . Wabulawa ngabantu bakowabo kanye. Kwakhangeleka ngokungathi oko kwakunokuba sisifundo ku-Uziya ngalento. Kodwa sifumanisa ukuba wathi u-Uziya akuthabatha isihlalo sobukumkani, ukuba waqala kakuhle ngendlela awenza ngayo uyise, ebuyisela izinto zikaThixo, ebuyisela uSirayeli ekunquleni uThixo. Wazomeleza.

⁴⁵ Kwaye ndifuna ukuba nombulelo njalo ngaye ngentsuku zobutsha bakhe, ngokuba wayengathabathi nxaxheba kwezombuso. Nangona ezopolitiko zisenokuba zazimchasile, kodwa nangoko, wahlala emgceeni kaThixo. Kwaze oko kwamvuyisa kakhulu lo umncinane, lo mprofethi uselula, ngokokude wayintshatsheli kuye. Wayengumzekelo ku-Isaya umprofethi.

⁴⁶ U-Isaya waya enqabeni ukuya kuhlala naye, kwibhotwe lokumkani. Wambizela apho; wayemthanda u-Isaya. U-Isaya wayeselula naye, waze—waze wa. . . Babengootshomi bobabini. Indlela le loo kumkani. . . Wayesithi xa ezakuphuma, bathi bona—amanye amadoda ezopolitiko eze athi, “Kufuneka senze *oku-noku*,” uKumkani u-Uziya wayefuna ubuso beNkosi kuqala. “Nkosi, ingaba yintando yakho ukuba siyenze *kanje-nakanje?*” Thixo sinike umongameli onjalo, ingabi nguyi kuphela, koko siphe abashumayeli. “Funani ubukumkani bukaThixo kuqala nobulungisa baKhe, yaye zonke ezi zinto ziyakongezelewa.”

⁴⁷ Inokuba yaba yimpembelelo enkulu le, ngokuba u-Isaya wayemthanda, ngokuba wayebona ukuba wayeyindoda ebalulekileyo, waze wa—wahlala omelele eqinile kuThixo. Kwaye uyazi, xesha ngalinye, kwimihla esiyiphilayo, kwizinto

esizenzayo, khumbula, abantu abaphandle abajongi kumlungiseleli kuphela, indlela akhangeleka eyiyo, indlela aphila ngayo, u—bayajonga nakongumkhonzi nje.

⁴⁸ Owu, indlela ekukubi kakhulu ngayo sakucinga ngenkonzo. Ngamanye amaxesha umfundisi ungowombutho *othile* okanye isiduko, ukuze lo mbutho umthumele kwinkonzo *ethile*, kuze ngamanye amaxesha izandla zalomfundisi zibotshwe nguloo mbutho. Abe ke loo mfo mncinane efuna ukukhonza iNkosi, aze acinge—efundiswe ukuba phantse leyo ibe kuphela kwendlela anokuthi akwenze ngayo oko, ngokukhonza umbutho wakhe. Athi akuphakama ashumayele into eliyithethileyo iLizwi, inkonzo ingavotela ukuba agxothwe; aze ke ngoko oyike ukuba akasayikuba nathuba lakushumayela iVangeli.

⁴⁹ Kodwa owu, into esiswele yona ezipulpitini namhlanje ngamadoda afana nokuba wayenjalo u-Uziya. Akunamsebenzi nokuba ezopolitiko zenkonzo yakhe zithini na okanye ezopolitiko zenye indawo, wayesenza okwesandla sikaThixo kuphumelele. Wayelindela ukuba ade afumane u-ITSHO INKOSI, aze ke amenze.

Omncinane...Loo mprofethi mncinane (umfo oselula onokuba yintanga yakhe) ekunye naye phaya etempileni, babeye behle kunye bayokuthandaza, ngaphandle kwamathandabuzo, bacele intando yeNkosi, baze bayithelekise nemithetho yeBhayibhile. Ukuze ukuba yayifanelekile, u-Uziya ayiphumeze, ukuba ke ayifanelekanga azigxibhe ezopolitiko ngaloo ndawo. Thixo siphe ngakumbi abanjalo! Oko ke kwakumvuyisa u-Isaya ngokuba wayezelwe engumprofethi.

⁵⁰ Waza u-Uziya wa—wayintshatsheli ku-Isaya. Uyabona waye...Ngenxa yo—yokumela kwakhe uThixo wabayintshatsheli emehlweni elungisa. Kwaye kusenokuba ayengamaninzanga amalungisa. 'Yabona? Kodwa into esifuna ukuyenza, kukwenza ubomi bethu bubelulutho kuThixo. Kukho umntu okujongileyo.

⁵¹ Ndandifika emva komntu othile ngenye imini. Kubumelwane obuthile babene...Inkonzo yehlelo elithile elikhulu yayinetheko elikhulu lomjuxuzo apha ezantsi, babejuxuza ke kwade kwayintsimbi yo-1 ekuseni. Babechwisha omnye ke ohamba apha kwitabanekile, besithi ngabazenzi-ngewele aba bahamba apha, ngokuba asinahlelo. Kwaze owu, indlela ekwandinika ithuba ngayo oko. Unokuyicinga nje into

eyenzekayo. Kodwa inye into...Ngoku, abo bantu... Ngaphandle kokuthandabuza, elaa nenekazi liselula lenza loo ntetho, ukuba nje lalisazi ukuba yintoni na eyiNyaniso... .

⁵² Bendiphaya ezintabeni kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo. Kwathi ndisekude kakhulu xa ndigodukayo, besiyeh phaya (usapho kunye nam) ukuya kuphumla kancinane, kulapho sizakuya khona kwakhona, iNkosi ithandle, kwiveki ezayo. Kwathi ke, ndiphaya ngobunye ubusuku, ndabona umbono. Ke yayingo—ngothandekayo, umfazi omhle, umfazi okhangeleka eselula ebaleka; isandla sakhe sikulendawo, waye esifa kukuhlaselwa yintliziyo, umfazi omhle. Waze wawa waba umkile. Yaze yathi iNgelosi yeNkosi, “Ngoku, wakuva ngoku, ukhumbule, bayakuthi uzibulele, kodwa ufe ngokuhlaselwa yintliziyo. Ngoku ke kancinci nje ibe yeye-4:00, ungatsho ke nje ukuthi yintsimbi ye-4:00,” yaze Yandishiya.

⁵³ Andizange ndiluvuse ke usapho kuloo nkampi incinci yeenkomo (okanye apho abelusi bahlala khona, apho sasiphuma siyokungqinga khona iinkomo). Nda—ndaluyeka lwalala kwade kwayintsasa elandelayo. Kwaze kwathi, ngosuku olulandelayo ndayithi thupha, ndathi, “Umfazi othile oselula, onomtsalane kakhulu, uzakufa—ngokuhlaselwa yintliziyo.” Kwindlela ephumayo ke kwintsuku ezimbini emva koko, nantso iphuma kunomathotholo, ukuba uNkosz. (andilikhumbuli igama lakhe) Monroe, uNkosk. Monroe. Ndiyacinga ukuba ibiligama lakhe leqonga elo, nokuba lelantoni na ke; igama lakhe belilelinye. Kwathiwa uswelekile, baze bathi uzibulele.

⁵⁴ Ngoku, akwenzi mahluko ukuba ndiyithetha kangakanani na; bayakuhlala besithi uzibulele. Kodwa laa mntwana akazibulelanga; ufe esekuhlaselweni yintliziyo! Kwaye ukuba unokujonga, isandla sakhe, ebezama ukufikelela emnxebeni—umnxeba usesandleni sakhe. Ebenokuhlasela kwintliziyo. Bathi iipilisi zobuthongo bezilapho; ebezisebenzisa inyanga yonke (yabona?) nangaphezulu, zisebhotileni. Waze wafa kukuhlaselwa yintliziyo, ufe ke kwimizuzwana emalunga nesine okanye isihlanu phambi kwentsimbi ye-4, ngqo.

⁵⁵ Ndaze ndafunda ngebali lobomi bakhe kulindixesha ukuba waye...Wayengumntwana ongumgqakhwe; nokuba wasebenza ukuhlamba izitya ezininzi kakhulu; nokuba umama wakhe wayekwisibhedlele sengqondo; kube kukho obekulangazelela (yaye ebengoyena mfazi unomzimba unguwo, ndiyaqikelela, ehlabathini)—kodwa ebelangazelela into

engenakuthengwa yimali, ndacinga, “Owu, ndinqwenela ukuba ndibe bendiyokufika kuye! Ndiyayazi into ebeyiswele!” Yiloo nto!

⁵⁶ Mhlawumbi amalungu eenkonzo zodumo, awona afanelekileyo—adumileyo eHollywood, apho zonke izihombiso nomtsalane ukhoyo... Kodwa wababona aboo bantu... Ebebabona ukuba abaphili ngendlela eyahlukileyo kule ebephila ngayo. Kuthabatha impembelelo! Kungamandla ovuko lukaKristu ephakathi kwabantu, ukuze babone ukuba uKristu akangomfanekiso uqingqiweyo ujinga esakhiweni, kodwa ubuBume obuphilayo kwimo kaMoya Oyingewele, ephila kumadoda nabafazi, esizisa uxolo, nokwaneliseka, nolonwabo. Owu, ukuba nje besibenako ukufikelela kweloo nenekazi liselula lingekalishiyi ihlabathi.

⁵⁷ Ngoku, impembelelo. Sifumanisa ukuba ubomi buka—Uziya bamphembelela lo mprofethi wade wakwindawo yokuba u—Ukiya—u—Uziya, gxebe, wakha iindonga wazomeleza, wazithabatha wazibuyisa izinto ezazizezabo kumaFilisti, nezinto ezinjalo, lwade udumo lwakhe lwayakufika kude le eYiphutha. Kwaye ndiyakuxelela, kuyo yonke ingxelo yeziganeko zookumkani, akukho namnye kubo ngaphandle koSolomon, owanaba njengo-Uziya. Ngoba? Ngokuba wenza umzekelo. Wahhlala noThixo, nokuba abantu bakowabo babecinga ntoni na, nokuba nabani na wayecinga ntoni na, nokuba abezopolitiko bakowabo babezama ukumphembelela kanjani na. Wahhlala ngokuthe tye noThixo, ngoko ke—uThixo wamsikelela. Oko kwaba luncedo olukhulu kulo mprofethi uselula.

⁵⁸ Indlela uThixo ayisikelela ngayo indoda eyakunyaniseka eLizwini likaThixo. Ngoku, usenokungabaluleki kakhulu, kodwa uyakusikeleleka. Ngoku ke, abantu kufuneka ukuba bazikhethela, ukuba ufuna ukwenza njengabanye bonke na okanye ufuna ukusikelwa nguThixo na. Ngoku, ungazikhethela nje. Ukuba uyakuphila njengokuba bephila bonke, uyakusikelelwa ngabo; kodwa wakujikela eyakho— yonke iminqweno yakho kuThixo, uyakusikelelwa nguThixo ke. Ngoko nimelwe kukuthi ni “Zinyulele namhla eniyakukhonza yena,” njengoko watshoyo umprofethi. “Mkhumbule njalo uMdali wakho, kuqala, njalo.”

⁵⁹ Ngoku, kodwa u... Wathi lo kumkani akufika kwindawo, eyindoda ebalulekileyo, ephembelela no-Isaya nabangamalungisa, kakade, kwabobukumkani bakhe,

wafikelela kwindawo—waziva enokuzithemba. Kulapho kanye ke apho wenza imposiso yakho khona. Kulapho amadoda angamalungisa amaninzi kangaka athi ahlazeke khona, abethwe khona luloyiso, kungokuba bayaqalisa ukuziva bezithembile. Wakuqalisa ukucinga ukuba umphilele ithuba elide kakhulu uKristu, kude kungakhathaliseki nokuba Uzisa ntoni na phambi kwakho, uzakuzikhethela ukuba uyayifuna na okanye hayi. Kufuneka uqhubele phambili ukukhonza uThixo. Nokuba wawuyintoni na kwiminyaka elishumi eyadlulayo, yinto oyiyo ngoku ethethayo.

⁶⁰ Ukumkani wafika kwindawo awacinga ngaphakathi kwakhe, waziphakamisa. Ikratshi layibamba intliziyo yakhe. Yiloo nto kanye ke eyenzekayo kuthi. Ukuba niyaku yixolela le ngcaciso, yiloo nto eyenzeke kwiinkonzo zethu elizweni ngokubanzi. Kukho abantu abalungileyo phakathi kuzo; abanye babona bantu bangcono ehlabathini ngabahamba inkonzo. Ndinga ukuba abona bangcono ehlabathini bahamba icawe. Kodwa inye ke into, i—inkqubo yemibutho isuka iphakame. Kwenzeke loo nto ku—kumaWisile; kwenzeke loo nto kumaBhaptizi; kwenzeke loo nto kumaNazarene, kumaPilgrim Holliness, kwabeNkonzo kaMoya—kukuziphakamisa, ukuzithandela, ukuzithemba, ukuzidla, ongenakubaxelela nto. UThixo akanakuyifumana indlela yokungena ezintlizi yweni zabo. Kungokuba bafikelele ekubeni bazi konke kakhulu kude kungabikho mntu unokubaxelela nto. Baze bathi ngokuzakhela ekuxoxeni nabazalwana, bazakhele kwimigaqo yabo. Bathi ke bakwenza njalo, bamshiye emva uThixo.

⁶¹ Kwenzeka loo nto koogqirha. Bakuzicingela kakhulu bade bangasweli ncedo luvela kuThixo, kulapho ke nakanye—ndingafuni ukuba basondele kum. Xa umshiya ngaphandle kwayo nantoni na uThixo, ungasuka—ndifuna ukuba undishiye ngaphandle nam. 'Yabona? Ngokuba kufuneka ukhumbule uThixo kuqala njalo! Waziphakamisa.

⁶² Abaninzi namhlanje... Ungathatha u—usapho lwabantu oluyakuqala ukuya enkozweni. UThixo ke aluphilise oloo sapho. Alusikelele, Alunike uMoya Oyingewe le ebomini balo. Abantwana abancinane bayakuthandaza etafileni; bayakuthandaza phambi kokuba bayekulala. Umama notata bayakubambana ngezandla bathandaze. Kwaye okokuba besaqhuba njalo nje, bayakuhlala belusapho; kodwa ukuba bakhe bafumana... Into yokuqala uyazi, bebengenanto konke, iyimoto eligxokogxoko endala, mhlawumbi, beqhuba bejikeleza

ngayo, okanye mhlawumbi behamba ngenyawo. Ekugqibeleni bayakufumana inqwelo eyiyo, ikhaya elingcono. Into yokuqala ke uyazi, basuka bafune ukufumana aba— okubizwa lihlabathi, ukunxulumana nodidi olungcono. Bafudukele kubumelwane obahlukuliyo, bathi belapho ke, bafumanise ukuba baphenjelelwa yimpembelelo engeyiyo ngoku. Kufuneka uhlale apho uBukumkani bukaThixo bukhoyo nalapho ubuqaqawuli bukaThixo bugaleleka busuka khona. Hlala apho unokondliwa khona ngokoMoya imini nobusuku. Ngoko ke into yokuqala uyazi, kubakho iiyantlukwano ezifikayo emakhayeni, nokungenelela kokwehlabathi, basuke baziphakamise. U-Uziya wenza loo nto; waziphakamisa, wanekratshi elininzi.

⁶³ Ngoku ke, siyayibona into awazama ukuyenza. Ngoku, eyona nto yamfumanayo akuziphakamisa entliziyweni yakhe (sixelelwe eBhayibhileni, kwiziKronike isahluko sama-26—sifumanisa ukuba—2 Kronike 26), sifumanisa ukuba waya wangena etempileni yeNkosi ephethe isiqhumiso ngesandla sakhe ukuya kuqhumisela isiqhumiso eNkosini. Waza wathi akwenjenjalo, umlungiseleli wetempile ekunye namanye amashumi asibhozo abalungiseleli wamlandela wamxelela, “Musa ukuyenza loo nto; uyaphazama. Awunguye umlungiseleli. Ungukumkani, hayi umlungiseleli.”

⁶⁴ Waze wanomsindo, wabhabhazela. Umsindo wakhe wamkhulu kakhulu, waza wasilumeka isiqhumiso nangoko. Waze uThixo wambetha ngeqhenqa kanye kuloo ndawo eseme apho enomsindo; waza wafa engoneqhenqa. Kwafuneka bamkhuphele ngaphandle kwetempile.

⁶⁵ Naku ke apho sifuna khona isifundo ngoku. Ukuba le ndoda wayisikelela uThixo kwisikhundla sayo...Kodwa ayizange yaneliseke koko, yafuna ukuthabatha indawo yomnye umntu. Awunakuba yonto...NjengoweBhunga labawisi-mthetho u-Upshaw (niyamkhumbula, lowa waye—wayesisiqhwalala iminyaka engamashumi amathandathu anesibhozo waze waphiliswa enkonzweni phaya, uyazi. WayengoweBhunga labawisi-mthetho beZizwe Ezimanyeneyo.), wathi, “Awunakuba yiyo nantoni na ongeyiyo.” Ngoko kancinci ingabi yinyaniso leyo. Kufanele ukuba uhlale kubizo lwakho, apho uThixo akubizele khona.

⁶⁶ Ngoku, okoko nje wayehleli engukumkani, waze—wayeyintsikelelo ebantwini engukumkani. Kodwa wathi akucinga ukuba wayengumlungiseleli, ngoko...Wacinga ukuba ngenxa yokuba uThixo wayemsikelele, wayenokuba yiyo

nantoni na afuna ukuba yiyo. Kodwa wayeyintsikelelo ebantwini njengokumkani, kodwa wayengeyontsikelelo... Waba sisiqalekiso kubo akuzama ukuthabatha indawo yomlungiseleli. Kwaye sinokuninzi kwaloo nto. Wonke umntu ufuna ukuphatha ibhola. 'Yabona?

⁶⁷ Xa nidlala umdlalo webhola (njengokuba ililixa lebhola ekhatywayo nje), into esifuna ukuyenza, asikokuba wonke umntu azame ukuthatha ibhola kumntu ekuye; kukuzama ukuyilondoloza loo ndoda. Yikhusele; yiyeke idlule. Sizama ukufumana inqaku. 'Yabona?

⁶⁸ Kodwa unokucinga nje ukumkani ongaqeqeshekanga ngokokude afumane enye indoda—indoda yecala labo—iphethe ibhola ibaleka isiya ezimpondweni zebala, aze endaweni yokungquba utshaba lumke kuyo, umntu weqela enilwa nalo, ukuze uyeke umntu wecala lakho ophethe ibhola abaleke nayo, wonke umntu azame ukuthabatha ibhola esandleni kuye? Ngoba, ninyanzelekile ukuba noyiswe.

⁶⁹ Namhlanje ke, sisenaloo nto. Sakubona uThixo evela, esiza kusikelela into ethile, masigcine zonke iintshaba zikude kuyo. Masisebenzise iimpembelelo zethu njengezikhuselelo, hayi ukuhlasela, izikhuselelo ezikhuselelo lowo uhlaselayo, simyeke athabathe ibhola edlule nayo, ngokuba akukho uchasayo, inye omelwe kukuyenza kukuhlala ubaleka njalo. Kwaye kufanele ukuba sibe ngaboyisayo.

⁷⁰ Ndithetha ehlabathini jikelele, niyazi, ndithethela aMadoda angoSomashishini beFull Gospel, ehlabathini jikelele ndimisela izahluko. Kungekudala kakhulu ke kwixesha elidlulileyo, ndiyakholwa ukuba, kwakuseKingston, eJamaica, apho babekunye noCastro nabo bonke belapho kuloo nkonzo (okanye sasihlile saya kwakhe, kwakunjalo kanye), nabo bonke abahloniphekileyo bezo ziqithi benyukile belapho; abo somashishini ke babezama ukushumayela iVangeli. Ungaphandle kwendawo yakhe. Thina bashumayeli ngokwethu sifumana ubunzima kakhulu ukuba sibe nokuba nokukugcina kukwiqondo elililo. Bona ke basebenzisa impembelelo encinane kakhulu abathi babenokuyifumana, nabo bonke ubuchulana obunje nobunjeya, bayitsho ke ithingaze kangako ungayazi nento onokuyenza.

⁷¹ Ngamaxesha amaninzi kwi—kwibandla—ibandla elincinane linganemvuselelo eqhubekayo; omnye afune ukuya kuqhuba inkonzo yomthandazo. Asuke ke, abenoluvo olwahlukileyo

kweyona nto ithetha yona iBhayibhile, abe ke eyikholelwa ngalendlela nangoko; aze ke aqale impembelelo nokutsalela abanye bemke kuyo. Into emele ukwenziwa kukukhuselwa kwaloMyalezo ngalendlela Uhamba ngayo, hlala kanye naWo, ungqube yonke into imke kuWo, ukuba sakuze sibe nokuwuwela umgca wokufaka inqaku.

⁷² Ndaze ndathi, “Bazalwana, kukho undonakele. Nina bafondini ningoosomashishini. Indawo yokuqala, aniyiqondi indlela yokuyingena. Aniyiqondi indlela yokungena ulungiselelo, ngokuba ulungiselelo sisipho sobizo lukaThixo.” “UThixo umise eBandleni kuqala abapostile, abaprofethi, abafundisi, abashumayeli beendaba ezilungileyo, nabalusi.” UThixo ubabeke apho ebabekele ukugqibelelisa iBandla. Oosomashishini bafanelwe kukungqina. Abafazi, amakhosikazi asemakhayeni, akukhathaliseki nokuba usisicaka endlwini yomnye umntu na, ngqina. Yenza yonke into onokubanako ukuyenzela uBukumkani; kodwa musa ukukha ufakele izimvo ezizezakho; thetha kuphela loo nto uthetha yona uMyalezo uqhubeke njalo ukuhamba (‘yabona?’), kuze mhlawumbi unganempembelelo ethile. Ngoko, ungakhe uzame ukushumayela ngoku ade uThixo, uyazi, akubize. Hlala nje kuphela noko, ubungqina bakho, ngokuba ukuba awenzi njalo, uyakuphumela ecaleni kudidi olungelulo; uze ke ngoko wonakalise yonke into. Yiloo nto ke. Kwaye ayinakumkholisa uThixo konke konke loo nto. Oku kuyayibonakalisa kulendawo.

⁷³ Wathi lokumkani...Ngoku, wathi akukhalinyelwa exelelwa inyaniso ngumlungiseleli waloo ndlu, ezama ukumxelela ukuba wayesenza isiphoso, ukuba uThixo wayibizela abomlibo ka-Aron kuphela loo nto, baye babengwaliselwe loo msebenzi kuphela...Yiloo nto kuphela ababemelwe kukuyenza, babengwaliselwe loo nto. Ukumkani ke, nokokuba wayelilungisa kangakanani na, okanye uThixo wayemsikelele kangakanani na, wayengenalungelo lakulumeka isiqhumiso. Wayethabatha indawo yomlungiseleli, kwaye akufanelekanga ukuba enze njalo. Wathi ke akukhalinyelwa, wacaphuka; umsindo wakhe waphuphuma, kwathi kanye umsindo wakhe usaphuphuma, kwavela iqhenqa ebusweni bakhe. Wambathwa liqhenqa, waza wasiwise phantsi isiqhumiso wabaleka waphuma endlwini. ‘Yabona? Ezama ukulinganisa omnye umntu, asifanelanga ukuba siyenze loo nto.

⁷⁴ Ngomsindo wakhe wenza okungekuko, waza wabethwa ngeqhenqa. Owu, ngokuqinisekileyo kwabasisifundo

kulomprofethi uselula akukubona, ngoku, akukhathaliseki nokuba yayibaluleke kangakanani na indoda, kwakufanele ukuba ihlale kubizo lwayo.

⁷⁵ Ndiyaqonda ukuba oku kuyashicilelwa, ndaye ndiyazi ukuba kuya—kuya kwihlabathi lonke, emva phaya emahlathini, nakooNoqhakancu, nakwinto yonke. Lo Myalezo ulapha ngokuhlwanje uyakuguqulelwa kwiilwimi. Kodwa oku ndikutsho ngentliziyo yam yonke, kungenzeka njani. . . Abantu abaninzi besithi, “Kutheni ungajoyini umbutho othile nje? Kutheni ungangeneleli kwabakwaMoya nje? Kutheni ungangeni *kweli* qela nje? Kutheni ungaziyeki nje ezi zinto zincinci ziqhubeke?” Ndingayenza njani loo nto? Kufuneka ndihlale naloMyalezo!

⁷⁶ Ekubonakaleni kweNgelosi yeNkosi phaya ezantsi emlanjeni kokwakuKhanya kuphaya njengoko nibonayo, nangethuba sowaqondakaliswe ngurhulumente nakwindawo yonke, ngenzululwazi—nophando lwenzululwazi ukuba kuyinyaniso. . . Kwaye Yandixelela ukuba ndihlale neliLizwi. Ngoko ke ndingathini ukuLitshintshisa ngomgaqo? Ukuba laa madoda aphumele ukwenza loo nto phaya, makayenze. Kodwa sasibizelwe ukushumayela iLizwi! Musa ukwenzelelela; yima eLizwini!

⁷⁷ Ke ngoku uyasibona isizathu sokuba kube yingozi ukuzama ukwenzelelela nokwenza enye into, okanye ukuzama ukuziphakamisa ngaphakathi kwakho, uthi, “Owu, ndingakwenza *oku*, ndizenzele imali ethe chatha, ndingakwenza *oku*, kwaye bonke abazalwana bayakuvumelana nam.” Ndingenzelelela ngeliLizwi, kuze—kude abalungiseleli abangamashumi alithoba anethoba ekhulwini baguquke, “Kulungile ke, intle loo nto.” Kwaye ndiyazi ngoku, abaninzi kubo babiza. . . Yintoni laa nto? Izonka neentlanzi, xa bebona abantu bephiliswa, nocalulo, namandla kaThixo, nezinto ezinjalo, ebonakaliswa. Bakubizela phaya ukuba uqhube iinkonzo ukuze ungenise abantu kwi—kwiinkonzo zabo nezinto ezinjalo; kodwa kwakufikelela ekubeni kuvunyelwane ngeLizwi, bayakumka kuLo. 'Yabona? Awunakuyenza loo nto. Hlala neLizwi!

⁷⁸ Ngoku, esi yayisisifundo kulomprofethi mncinane, kangangokuba kwakungakhathaliseki nokuba wayezama ukuba yintoni na, kufuneka ahlale elubizweni lwakhe. Owu Nkosi, wafunda i—indlela kaThixo kubantu. Indlela kaThixo emntwini kukuthi makahlale endaweni yakhe, indlela kaThixo

kubafazi kukuthi bahlale endaweni yabo nabo. Awunakho ukuthabatha indawo yendoda. Bazama ukuyenza loo nto, kodwa musa ukuyenza. Madoda, musani ukuthabatha indawo yabafazi, musani ukunxiba njengabafazi. Nani bafazi musani ukunxiba njengamadoda. IBhayibhile ithi akulunganga ukwenza loo nto. Ithi iBhayibhile, “Umfazi onxiba isambatho esenzelwe indoda, kukungcola phambi koThixo, lisikizi.” ’Yabona? Kodwa ngoku kunganzima ukuba ubenokumahlula omnye komnye. ’Yabona? Ngoku, uzakwenza njani, kukusuka nje ukhwaze ngokuchasene naloo nto? Ngoko, uthi wakwenza loo nto. . .

⁷⁹ Nike nasibona isigwebo senkundla kuleveki apha e-Indiana? Elinjani lona ihlazo! Ngaphantsi kweshumi elinesihlanu leminyaka edlulileyo usapho oluthile apha ePort Fulton (ndiyacinga ukuba omnye wolosapho uhleli apha ngokuhlwanje)—apha ePort Fulton, babuyisela intombazana encinane ekhaya ngenxa yokunxiba ibhulukhwe emfutshane esikolweni. Kwaze kwa—kuleveki bazama ukutshutshisa nokugxotha esikolweni (futhi bayenzile loo nto), intombazana encinane eyale ukunxiba ibhulukhwe emfutshane esikolweni. Yintoni undonakele kwisizwe sethu? Bendicinga ukuba lilizwe lenkululeko eli; bendicinga ukuba sinelungelo—inkululeko yokukhonza.

⁸⁰ Lo tata uphakame wathi, “Kuchasene nenkolo yethu yenkonzo ukuba abantwana bethu banxibe iibhulukhwe ezimfutshane, amantombazana ethu aneshumi elinesithandathu, neshumi elinesixhenxe leminyaka ubudala, ukuba banxibe iibhulukhwe ezimfutshane; oko kunxamnye nenkolo yenkonzo yethu.” Baza ke bamkhupha bamgxotha loo mntwana kweso sikolo.

⁸¹ Ndiyaqonda ukuba wonke umntu ongayikuvumelana angene kwi—kwi—kwisivumelwano sezizwe ngezizwe sobubudlelane bazama—ukubakha ukuze babeke—bamanye ndawonye zonke iinkonzo, umanyano lweenkonzo, ukuze bonke abangayikungena bamanyane nalo, bazakubenzela iphondwana; bazakubathumela e-Alaska. Usenokuzilungiselela imozulu ebandayo ke ngoko, kuba kukhangeleka ngathi iyeza. Ngoko, elinjalo lona ihlazo!

⁸² Umhlobo wam wobomi bonke, uJim Poole, unyana wakhe umi apha ngokuhlwanje. Ndandinqwenela ukuba utata wakhe abe angenza loo nto ke yenziwa ngunyana wakhe. Besincokola ke namhlanje ngencoko emnxebeni, ethetha ke nge,

ndiyakholwa, ngomsasazi weendaba okanye umntu othile, (andikhumbuli nje ukuba ibingubani na ngoku), kodwa wathi, “Kwakukade kusenzeka ukuba—ukuba abantu baseMelika bahlambe umzimba kanye ngeveki baze bathandaze yonke imihla,” wathi ke; “ngoku bahlamba umzimba yonke imihla baze bathandaze kanye ngeveki.” Ndiyakholwa kungcono ukuba ndiqhubeke ngaphandle kokuhlamba umzimba. Kodwa kubonisa nje indlela esiwe ngayo. Kwenzeke ntoni kwesi sizwe?

⁸³ Malunga neminyaka emihlanu eyadlulayo ndandise-Ohio, ndandiqhuba inkonzo ke phaya e (yintoni igama lalaa ndawo apho ndandiyibambe khona phaya? [Umntu othile uthi, “yiChataqua”—Mhl.]—iChataqua. Ndandiphulaphule usasazo lweendaba ehotele, zazisithi ke, “Intyatyambo yenkululeko ifile ngale njikalanga kwinkundla elapha e-Ohio.”

Abantu abangama Amish, abakholelwa ekuthumeleni abantwana babo kwezi zikolo zikawonkewonke. Banezikolo ezizezabo. Kobu bumelwane buthile ke apho babekhona, babengenaso ke isikolo semfundo ephakamileyo. Ngumthetho wase-Ohio nase-Indiana (ndiyacinga ukuba ngumthetho wesizwe) ukuba bonke abantwana banyanzelekile ukuba bahambe isikolo bade babe neshumi elinesithandathu. Le ndoda ke yayinabantwana ababini, inkwenkwe nentombazana, ababengekabi neshumi elinesithandathu; baze ke bala ukubathumela kwizikolo zikawonkewonke apho bafundisa khona iinzululwazi zikaDarwin (zokuba umntu wayevela kwinto eyenye, waba yinkawu; uyiloo nto kuphela, inkawu ephuculweyo kwaye. . .) Ngoko ke, babengavumelani konke naloo nto, abafuni ke ukuba abantwana babo bayiphulaphule. Zaza ke iinkundla zababiza. Lo mgwebi mncinane ke uzicingelayo wathi kulotata nomama balupheleyo, etsho ngezonwele zijikeleziweyo ukuchetywa nempahla efanayo, wathi, “Mhlekezazi, esi sizwe sase-Ohio sinomthetho othi umntwana makahambe isikolo ade abeneshumi elinesithandathu,” wathi, “uyala ukubathumela abantwana bakho. Ithini impendulo yakho?”

⁸⁴ Wathi, “Mhlekezazi obekekileyo, ndiyayihlonipha imithetho yesisizwe sithandekayo ndiyinzalwane yaso.” Wathi, “Kodwa seza apha kwiminyaka eyadlulayo, obawomkhulu bethu, besizela inkululeko yonqulo, kungoko ke silapha nje, kungenxa yenkululeko yonqulo. Unqulo lwethu lusifundisa ukuba singakholelwa ukuba sivela ezilwanyaneni ukuze sibe ngabantu nje. . .Sikholelwa ukuba sadalwa ngokomfanekiselo kaThixo.

Ngoko ke, kuchasene nenkolo yonqulo lwethu ukuba sithumele abantwana bethu kwisikolo esifundisa into enjalo. Ngoko ke, asinaso ke isikolo semfundo ephakamileyo apha ukuze abantwana bethu baye kuso. Kwaye akukho ngenxa yokuba singanihloniphi; siyayihlonipha into eniyikholelwayo; kodwa okukokwethu, asiyikholelwa loo nto, kwaye asiyifuni ukuba ifundiswe abantwana bethu.”

Wathi, “Uyakukhetha phakathi kokusa abantwana bakho esikolweni okanye wena nenkosikazi yakho niyakuchitha iminyaka emibini phantsi kogcino lukarhulumente.” Wathi, “Yintoni isigqibo sakho?”

Wathi, “Umama kunye nam siyakuchitha loo minyaka mibini.” Baze baguquka baqalisa ukuhamba bephuma.

Loo mgwebi mdala inokuba waziva egwebeka kancinane, waze wathi ke, “Khumbula, ayitsho iBhayibhile yakho ukuthi, ‘Nikela izinto zikaKhesare kuKhesare?’”

Waze wajika loo tata, wathi, “NezikaThixo . . .?”

Laa ndoda phaya ezindabeni yathi, “Ngoko, intyatyambo yenkululeko . . .”

Waze wathi umgwebi, “Ndikugweba iminyaka emibini.”

Wathi, “Ngoko inkululeko—intyatyambo yenkululeko ifile phaya kulaa nkundla ngalenjikalanga.”

⁸⁵ Kuyo yonke ke loo nto amaDunkard—okanye ama-Amish, gxebe, nokuba abaqhelekanga kangakanani na, bayakholwa ekuphileni ngendlela engcwele. Kwaye akukho nendawo enye kwiZizwe eZimanyaneyo apho bakhe baba nobuthsothsi. Akukho nomnye umntu, nomntwana omnye, ophuma kwinkolo yabo owakha wanguthsothsi. Bangangaqheleki okanye babeyiyo nantoni na abafuna ukuba yiyo; bakhuliswe ngendlela eyiyo. Andibagxekeki.

⁸⁶ Kodwa phulaphula, intyatyambo yafa apho khona ngoko, kodwa emva kwemizuzu elishumi emva koko yaphinda yathi balulu kwakhona. Igqwetha elingumtshutshisi, nabo bonke, bazityhalela phaya iincwadi zabo, bathi, “Ke ngoko sizibeka phantsi izixhobo emsebenzini wethu, Ngokuba ukuba waphula elo lungelo loMgaqo-siseko, bayakuyaphula yonke ke eminye.”

⁸⁷ Waqaphela ngalaa mini laa Bishop womWisile ulumkileyo, into awayithethayo ngalaa—okwakucengelezwa kwalaa mthandazo e—ecaweni—esikolweni? Yayingeyonkonzo yamaWisile leya. Laa Bishop wayelumke mpela ukude

ayiqaphele laa nto. Yayilelinye iqela eliya lizama ukubona ukuba linganako kangakanani na ukunyanzela umthandazo othile e—esikolweni. Ukuba babephumelele kuloo nto, babenokuphumelela nakwenye ngokukhawuleza kangangoko banokuba nako. Baphanda kuyo yonke indawo ephuma umthombo abanokuba nako kuyo. Ungahlupheki wena, bazakuyifumana.

⁸⁸ Owu! Sifuna umnqamlezo. Sifuna uKristu ngoku sisenako! Musa ukuphenjelelwa ngumntu mhlawumbi onokukuthumela i—ukudla okungaphezulu. Musa ukuphenjelelwa ngabantu abayakukunika inqwelo engcono ukuba uhambe ngayo, okanye ikhaya elingcono oyakuhlala kulo, uze uthengise ngobuzibulo bakho obukuKristu. Musa ukuyenza loo nto! Yijonge into oyenzayo. Yiba soloko ulandela lowo uphenjelelwa engqinelwa nguThixo, owaziyo ukuba—uThixo unabo. Musa ukulandela impembelelo engeyiyo. Ewe! Kulungile. Musa ukuzama ukuthabatha indawo yomnye.

⁸⁹ Umbono phaya etempileni, wabona phezu—phezu kwetrone uThixo ephakanyiselwe phezulu, uThixo enyusiwe. Ngoku uyabona, lo kumkani owaye... Wayengumzekelo ku-Isaya, kwaye u-Isaya wabona ukuba laa kumkani wathi nje ukuba aphume kwinto elwaluyiyo ubizo lwakhe—uThixo wambetha ngeqhenqa. Waza u-Isaya wacinga, “Ndenze ntoni ngoko?” U-Uziya wayefile, wayayame ngamandla kwingalo yakhe. Wacinga ke ukuba wayemkile; wayenokwenza ntoni? Ubomi ngokwabo phantse babumkile kuye. Ngoko wenza ntoni lo mprofethi uselula? Wahamba wehla waziyela etempileni ukuya kuthandaza. Wawa phantsi esibingelelweni, waza walila.

⁹⁰ Ngamanye amaxesha uThixo uyekela ukuba iziseko ngokwazo zingqutywe kanye apha phantsi kwethu. Ngamanye amaxesha uyekela ukugula ukuba kusintlithe. Uyekela udano, iintliziyi ezibuhlungu, zisifumane. Ngamanye amaxesha Uyenza loo nto khon’ukuze akuse kwindawo oyakuthi uphenjelelwe kuyo ngeVangeli. Yiba sisilumko ngokwaneleyo ukuze uyibambe. Musa ukuba sisidenge ngokokude uhambe umke kuyo.

⁹¹ Qaphela, u-Isaya wayesazi ukuba kufanele ukuba afumane into eyahlukileyo. Wenza ntoni ke ngoko? Waya etempileni; waphakamisa izandla zakhe, walila kuThixo. Waza wehlelwa ngumbono. Waze wathi akuwelwa ngumbono, wabona uThixo, engekho phezu kwetrone elapha phantsi, kodwa enyukileyo, iye phezulu. Owu, nkosi! Ingubo yaKhe erhuqayo yayiMlandela

ephakanyiselwe eMazulwini. Wabona ke ngasemva nangaphambili etempileni yonke, iiSerafi ziphaphazela. Owu, nkosi! Iiserafi oko kuthetha “abatshisi,” igama elithi *Serafi* lithetha loo nto. Nto leyo ithetha ukuba ikufutshane esibingelelweni. Ngelipheleleyo iiSerafi ngabo bamkela umbingelelo, bangcwalise lowo unqulayo, baze ke bambeke phambi koThixo, yenziwa yiSerafi loo nto. Ngoku, eziSerafi yayibubume beengselosi, kwaye zizezo zisondele kakhulu kuThixo, ziphaya kanye esibingelelweni. Zaye zamkela umnikelo. Oku kubonisa ubulungisa bukaThixo, ukuba isono asinakusondela phambi kwaKhe ngaphamndle kokuba sesicanyagushelwe. ‘Yabona? Ke ngoko eziSerafi. . .

⁹² Niyakhumbula kwiZigaba eziSixhenxe zeBandla indlela ezazizigcine ngayo iiVangeli, enye ime kwicala ngalinye? Niyakhumbula, ukuba sazithabatha sazisa emva kumyezo wase-Eden ziphethe ikrele elivutahyo zime apho? Zilondoloza isibingelelo.

⁹³ U-Isaya ke, loo mprofethi mkhulu, wathi akuba kuMoya, wabona uThixo kuqala ephakanyisiwe wayakutsho eMazulwini, engaphezu kwakhe nawuphina ukumkani womhlaba. Wathi, “Ndibone *oyena* Kumkani, iNkosi ihleli phezulu iphakanyiselwe phezulu (waze ke ngoko wabona uKumkani wenyaniso), ingubo yaKhe erhuqayo yayiMlandela.”

⁹⁴ Wabona iiSerafi ke ziphaphazela endlwini yonke. Zazinamaphiko ezigqume ngawo ubuso bazo, zinamaphiko ezigqume ngawo iinyawo zazo, zaye ke ziphaphazela ngamaphiko amabini. Zaye ke zikhwaza, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYehova weMikhosi! Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYehova weMikhosi!” Ngonjani—onjani wona umculo, esinjani isingqi! Uthi, “Inokuba zazisitsho ngokuzole kakhulu. “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYehova weMikhosi [UMzalwana uBranham uyalinganisa—Mhl.]”

⁹⁵ U-Isaya uthe, “Zathi zakuthetha, imigubasi yendlu yangcangcazela lilizwi lazo.”

⁹⁶ Zazingathi nje ngoku, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele [UMzalwana uBranham uyalinganisa—Mhl.]” Owu, elinjani lona ilizwi. Wathi, “Iintsika zashukuma zangcangcazela ngelizwi lazo.” Zazikhwaza, ezo zidalwa ziziingelosi zime ecaleni koThixo, zikhwaza, “UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYINGCWELE UYEHOVA WEMIKHOSI!” Ngumbono onjani wona lowo! Whowu! Owu, nkosi!

⁹⁷ Qaphela kwakhona, u—Isaya owayayame ngengalo ka—Uziya waza wambona esifa phantsi komgwebo kaThixo; waza wazibona ezizidalwa zingcwele zazime ecaleni koThixo, iiSerafim zisithi, “UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYEHOVA WEMIKHOSI!”...Kwakhona iiNgelosi ezingcwele zagquma ubuso. IiNgelosi ezingcwele zagquma ubuso bazo obungcwele phambi koThixo ongcwele, singobani ke thina? Ke ngoku. . .

⁹⁸ Owu, nina maWisile, namaBhaptizi, namaRhabe, nabakwaMoya, singobani thina? Xa zathi iiNgelosi ezingcwele zafihla ubuso obungcwele phantsi kwamaphiko ukuze zibenokuma phambi koThixo. Xa iiNgelosi, isidalwa phofu esingaphezu kweeNgelosi...Ingelosi azimi phaya, yiSerafi kuphela. Zingaphezu kweeNgelosi. UThixo ke ungcwele ngokokude zigqume ubuso bazo phambi koThixo ongcwele. Inye kuphela into ezazinokuyithetha kukuthi, “UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYEHOVA WEMIKHOSI!” Whowu! Kwafuneka isigqubuthelo esisodwa kuzo ukuze zime phambi koThixo...Siswele esinjani thina isigqubuthelo? Kwakufuneka zigqubuthele.

⁹⁹ Ngoku, ndifuna ukuyithetha khona ngoku le nto: iGazi likaYesu Kristu lanele konke. 'Yabona? UKristu akazange afele ezoo Serafim. Hayi, hayi! Kodwa zazibubume obudaliweyo. Akazange afele ziNgelosi; Wafela aboni. Akazange afele bantu bangcwele; wafela abangengcwele. Okoko nje usacinga ukuba ungcwele, Akazange akwenzele lutho. Kodwa wakuziqonda ukuba akukho nto inguwe, ngoko ke Wafa—Wakufela. 'Yabona? Xa uziqonda ukuba akukho nto inguwe, ngoko ke UnguYe—ungulowo Wafela yena. UThixo ungcwele ngako konke. Akukhonto kuYe ngaphandle kobungcwele; kukusulungeka konke.

¹⁰⁰ Ngoku ke, makhe siwaqaphele la maphiko okwemizuzwana embalwa. Sifumanisa ukuba ngamaphiko amabini zagquma ubuso bazo. Owu, cinga! NeNgelosi ezingcwele zagquma ubuso bazo obungcwele phambi koThixo ongcwele. Inye kuphela into ezazinokuyithetha kukuthi, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele uYehova weMikhosi! Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele uYehova weMikhosi!” Kwaye sixelelwa ukuba zazikhwaza ubusuku nemini. Linyathelo lokuqala elo ukusuka kuThixo ukuhla. Imini nobusuku, akuyekwa. Wena ke ucinga ukuba sifundekela kakhulu. Ucinga ntoni ngezigididi zabo bangqonge itrone benelizwi elashukumisa imigubasi yetempile

ngexa kwathetha wamnye kuphela kubo esithi, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele”? Uyazi, lilizwi lakhe elashukumisa itempile, ngexesha izigidi zabo zazikhwaza zingqonge itrone kaThixo. “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYehova weMikhosi! Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, uYehova weMikhosi,” zinamaphiko agqume ubuso bazo, zinaphiko agqume iinyawo zazo, zinamaphiko entlonelo, ngokuhlonipha. Owu, nkosi!

¹⁰¹ Ngoku akukho ntlonelo nantlonipho kwinto ethetha ngobungcwele. Xa uthetha ngobungcwele, ubizwa ngokuba ungozenza ngcwele. Akukho ntlonelo, nantlonipho yakuhlonipha Thixo, abantu baKhe, okanye iLizwi laKhe.

¹⁰² Ngoku, liyakuphelela phi eli qela? (Ndinga ukuba unyanisile, Ben. Uchan’ucwethe ngotolo ke kuloo ndawo, Nyana. Ewe, inokubanjalo loo nto.) Liyakuphelela phi eli gquba lingenandili kakade? (kunjalo!), abangenantlonipho yakuhlonela Thixo konke konke.

¹⁰³ Uyazi, kwakukade kusithi ukuba umfazi okanye indoda bathe bangaMakristu, abantu bayihloniphe loo nto; kodwa namhlanje bathanda nje ukukhe babone ukuba bangahlekisa ngayo kangakanani na. ‘Yabona? Iqela elingandilekanga! Owu! Ngoba? Uyazi ukuba yintoni? Nasi ke isizathu. Abakho ngqondweni yakukuqonda oko ukuba yiNyaniso. Abakho ngqondweni yakumqonda uThixo. Abakhumbuli ukuba iBhayibhile ithi, “Kuba iiNgelosi zikaThixo zibangqongile abo baMoyikayo.” Azizi nje ukuza kubandwendwela; zi—zigxumeka iintente zazo. Amen! “IiNgelosi zikaThixo zibangqongile abo baloyikayo iGama laKhe.” Zihlala apho imini nobusuku.

Umzalwana omdala ontsundu wayecula iculo, *IiNgelosi Zihlala ZiNdilondolozile*. Lithi,

Imini yonke ubusuku bonke iiNgelosi zihlala
zindilondoloza . . .

¹⁰⁴ Kunjalo kanye. Imini yonke nobusuku bonke, iiNgelosi ziyandilondoloza. UYesu wathi ngabo bancinane, wathi, “Lumkani ningakhubekisi namnye kubo, kuba iiNgelosi zabo zihlala zibubona ubuso bukaBawo waM lowo useZulwini.” ‘Yabona? Zihlala zinkampe kufutshane, zibalusile abo. Baye abayikholelwa naloo nto, abantu abangakholwayo. Sizakufika ekubeni yintoni na ukuhlonela uThixo nokungahloneli-Thixo kusasa ngomso, ukuba iNkosi ithandle.

¹⁰⁵ Ngoku qaphela, abayikholelwa naloo nto. Balahlekelwe kuko konke ukuziphatha kakuhle, yiyo yonke intlonipho, nako konke ukuhlonipha, kodwa basaya enkonzweni. Esona siqhu sabangenantlonipho sakha sakho, ngabo bahamba icawe kanye. Kunjalo kanye.

¹⁰⁶ Umthengisi-ziyobisi omdala, unosikroxoxo, esihla ngesitrato, ezidlulela, esemqheleni, uthethe naye ngeNkosi, uyakuma athethe nawe. Abanye baba bangenamqolo kuthiwa ngamakholwa, amalungu ecawe, bayakukuhleka kanye apha ebusweni bakho, kuba abafuni...?....Ngokuqinisekileyo! Abanantlonipho. Ucinga ukuba ufanele ukuba ubengoweqelana labo kungenjalo awunakuhlala nokuhlala ebumelwaneni babo. 'Yabona? Yinyaniso leyo. Ukungabi nantlonipho.

¹⁰⁷ Ngoku, ezi Ngelosi, xa ziphambi koThixo, zazi... Ndayikholwa...UDavide wathi (niyakhumbula ukuba sasinayo apha kubusukwana obumbalwa obudlulileyo ngokuya ndandishumayela ngento ethile), waza wathi, uDavide wathi, "Ndibeka iNkosi njalo phambi kwam, ukuze ndingashukunyiswa. Ngaphezulu," wathi, "ukuze ndakwenza loo nto, inyama yam iyakuphumla inethemba." Ewe, mhlekazi! "Ngokuba ndiyayazi into yokuba...Akayikuwushiya kwelabafileyo umphefumlo wam, engayikumnikela OyiNgcwele waKhe ekuboneni ukubola. Ngokuba iNkosi iphambi kwam ngamaxesha onke."

¹⁰⁸ Nokuba uyaphi na, beka uThixo. Ukuba indoda iyacaphuka ikuthuke, beka uThixo phakathi kwakho nayo. Ukuba umfo othile ukubiza ngokuba ungumzenzi-ngcwele, beka uThixo phakathi kwakho naye. Ukuba inkosikazi iba nomsindo kuwe, beka uThixo. Ukuba umyeni uyacaphuka, beka uThixo. Ukuba abantwana bayakukhathaza, beka uThixo. 'Yabona? Nokuba yintoni na oyenzayo, beka uThixo. Ukuba utata nomama bayakuchwakraza bekulungisa, beka uThixo. Uyayikhumbula into eyathethwa nguThixo malunga naloo nto? "Mkhulise umntwana ngendlela eyeyakhe." 'Yabona? Khumbula njalo, beka uThixo. Beka uThixo phambi kwakho, kwaye uyakuba nentlonelo kuThixo nentlonipho kuYe. Kunjalo kanye.

¹⁰⁹ Ngoku khangelala! Ngamaphiko amabini yagquma ubuso bayo ngamaphiko amabini...Oko kwakuthetha intlonipho, intlonipho phambi koThixo, zizithobisile—zagquma ubuso. Ngoku, asi—asinamaphiko akugquma ubuso bethu, sithobisa iintloko zethu ezinyaweni zaKhe, sithobise iintloko zethu sithandaze ngentlonelo, intlonipho. Ewe, mhlekazi!

Siyakuqaphela. Ngamaphiko amabini yagquma iinyawo zayo. Iinyawo zayo... Yaziquma, iinyawo zayo—oko kubonakalisa intobeko nentlonipho.

¹¹⁰ NjengoMoses, uMoses eku—ekuhloneleni uThixo akumxelela ukuba indawo ame kuyo yayingumhlaba ongewele, wazikhulula izihlangu zakhe. 'Yabona? Wenza into kwiinyawo zakhe. UPawulos ngokuhlonipha uThixo, intlonelo... Yathi iNgelosi yeNkosi yakuza phambi kwakhe ikulaa Ntsika yoMlilo, wawa emhlabeni ngobuso bakhe. Intlonipho! UYohane umbhaptizi, waba nengako yona intlonipho akubona uYesu esiza, wathi, "Andifanelekanga nokuchukumisa iinyawo zaKhe." 'Yabona? Iinyawo, ngokubonisa intlonipho. 'Yabona?

¹¹¹ Owu! Qaphelani, nantsi into enye ekufuneka uyiqaphele: ubuncinane bakho. Ukuba ufuna ukufika endaweni noThixo, zenze ubemncinane kangangoko. Musa ukuzenza mkhulu njengo-Uziya. Wangena phaya, waza—waza wathi, "Ndizakuyenza le nto nakanjani na, nokuba ndi... Aninalungelo lakundixelela konke." 'Yabona? Wayefanel'ukuba azithobe. "Ewe, zicaka zikaKristu, ndixoleleni." Ngewayengazanga wabaneqhenqa. Hayi! "Ndiyazi ukuba ngumsebenzi wenu lowo; uThixo wabiza nina. Sisikhundla senu. Qhubekani niwenze, bahlekazi. Ndicela uxolo kakhulu." Abuye umva, ngekubhalwe ngolunye uhlobo kuleNcwadi. Kodwa wathi akulungiswa, wanomsindo.

¹¹² Ungabalungisa abantu ngento ethile okanye ubaxelele ngokwenza kwabo into engeyiyo, basuka bayishiye inkonzo. Bafuna... ukuya komnye umntu, uxelele abafazi ukuba abafanelanga ukuba neenwele ezimfutshane, "Kulungile, ndakuya kwenye indawo apho banokuba nazo khona."

¹¹³ Inenekazi lakhe laya apha kwixesha elithile elidlulileyo... Ndathumela inkosikazi yam ukuba ihle. Sasisenkonzweni; yayingazange ibe nexesha lokuhlamba iinwele zayo, yaze... ndathi mayiye kwenye yezivenkile zobuhle zize zihlanjwe iinwele zayo. Yawela ke yaya apho, laze eloo nenekazi alazi nokuba malizimise kanjani na iinwele zayo. Kwafuneka ukuba lizijije zijikeleze umphezulu wentloko yayo. "Kutheni," lathi, "andizange ndihlambe nwele zamntu—uneenwele ezinde." Lalingazinto konke ngazo. Andazi. Owu, nkosi! 'Yabona?

¹¹⁴ Abafuni nokwazi ukuba Imalunga nantoni na. Ngoba? Kungenxa yeepulpit ezithyafileyo ebebehlala phantsi kwazo (ngqo!), iipulpit ezithyafileyo ezingasokuze ziyithethe iNyaniso.

Ziyenzelelela ngaYo. 'Yabona? Kungcono...Ngekungcono ukuba ubunokuyiva...Ube ubunokuthetha nomnye wabo, basuka baphakame, babhabhazele, bathi, "Andinakuphinda ndimphulaphule laa mzenzi-ngcwele kwakhona." 'Yabona? Hambela phambili, Uziya. Kunjalo kanye!

¹¹⁵ Iqhenqa, ngoba, kungangcono ukuba ndibeneqhenqa nanini na kunolwaa hlobo lweqhenqa; kulungile, eliya liqhenqa lomphfumlo. 'Yabona? Xa uthe wenyuka waza waphuka... Uba lapho kwakhona kuloo ndawo wambethwe liqhenqa—isono, eyona nto imbi kuneqhenqa. Siliqhenqa lomphfumlo.

¹¹⁶ U-Uziya ngokuqinisekileyo wayakulala kooyise yatsho iBhayibhile. Ntoleyo ithetha ukuba wayesindisiwe, ngokuba wasuka nje wenza into engeyiyo. Kodwa xa uyenza, usazi ngcono, ngoko ke ubaneqhenqa lomphfumlo. Ngoko ke akukho ndlela yakuwungenisa umphefumlo woneqhenqa; niyayazi lo nto.

Ke ngoko, zenze ube mncinane. Zithobe phambi koThixo...?. . .Musa ukusuka uphakame ubhabhazele; ziphengulule iZibhalo ubone ukuba yinyaniso na.

¹¹⁷ Ndikhe ndaxelela umntu othile kungekudala kwixesha elidlulileyo. . . Wathi, "Mzalwan'uBranham, ndiyaqonda ukuba unguYesu Yedwa?"

Ndathi, "Uqonda ngokungekuko." 'Yabona? Ndathi, "AndingoYesu Yedwa."

Wathi, "Ke, ubhaptiza eGameni likaYesu."

¹¹⁸ Ndathi, "Loo nto ayenzi ukuba ndibenguYesu Yedwa." Ndathi, "Imfundiso kaYesu Yedwa; babhaptizela uzalo olutsha. Andikholelwa kuloo nto. Andikholelwa ekubeni nje ukuba ubhaptizelwe eGameni likaYesu uxolelwa umphefumlo wakho—izono zakho; ndikholelwa ukuba uPetros wathi, 'Guqukani kuqala, jikani, niwuphosile umgca; phindelani emva.'" Guqukani nize ke nibonise kwihlabathi ukuba seni—senibhaptiziwe. Ndikholwa ukuba...Andikholelwa ekubeni ukuzalwa ngokutsha lubhaptizo lukaMoya Oyingcwele. Akululo ubhaptizo lukaMoya Oyingcwele; kukuzalwa ngokutsha kwakhona. Sizalwe ngeGazi. Into eyenza iGazi ivela—ndithetha, into ekuvela kuyo ubomi iphuma eGazini. Ubhaptizwa ngoMoya Oyingcwele ungeniswe emzimbeni, kodwa uzalwe ngeGazi. Ngokupheleleyo. Uzalwe ngegazi likatata wakho. Ndizalwe ngokutsha ngeGazi likaTata wam, kwaye ngowakho—ngoTata wethu, uKristu. Ewe, mhlekazi!

119 Kodwa uyabona, asikholelwa kuloo nto. Into yokuba sibhaptiza eGameni likaYesu Kristu, ayisenzi ukuba sibe nguYesu Yedwa; konke konke. Hayi, mhlekazi!

120 Ewe, mhlekazi! UMoses wazithoba phambi kwakhe wakuliva elaa lizwi likaThixo lisiza ngolwahlobo, lisithi, “Khulula iimbadada zakho.” UMoses wathoba wazixhuzula izihlangu zakhe wazikhupha. 'Yabona? Yinyaniso leyo.

121 UPawulos, kwathi okwaKukhanya kwakumbetha awe phantsi emhlabeni. . . Kwathi, “Sawule, Sawule, uNditshutshiselani na?”

Wathi, “Nkosi, UnguBani na?” 'Yabona, wayakuwa kanye phantsi emhlabeni. “Ngubani lowo?”

Wathi, “NdinguYesu (laa Ntsika yoMlilo)—NdinguYesu. Wenzakala ukhaba imviko nje.”

Wathi, “Nkosi, ndenze ntoni na?” Wayesele elungele konke. 122 UYohane uMbhaptizi waMbona esiza. Omnye wawona madoda abalulekileyo. . . uYesu wathi, akuzange kubekho ndoda izelwe ngumfazi inkulu njengoYohane. Wathi ke uYohane akuMbona, waziqonda ukuba wayemncinane ngolona hlobo, wathi, “Andifanelekanga nokuba ndingakhulula izihlangu zaKhe.” Amen!

123 Qaphela njalo, indoda enkulu iyazithoba. Indlela eya phezulu yindlela eya ezantsi, njalo. Zenze mncinane, uThixo ke uyakukunyusa. “Lowo uziphakamisayo, uyakuthotywa, kodwa lowo uzithobayo uyakuphakanyiswa.” Owu, nkosi, ndiyayithanda loo nto.

124 Zenze mncinci; yiba soloko umncinane. Musa ukuba ngumfo omkhulu; yiba ngumfo omncinane. 'Yabona? UThixo nguYe kuphela phakathi kwethu omkhulu phofu. Injalo loo nto.

125 Akufuneki uthi, “Libandla elingcwele, abantu abangcwele.” Owu, hayi! NguThixo ongcwele (yinyaniso leyo) ibe libandla elingcwele nabantu abangcwele. Kunjalo kanye. Akukho nto injengebandla elingcwele apha; nguThixo ongcwele eBandleni. Asingobantu bangcwele, nguMoya Oyingcwele usebantwini. Ngoko ke awuthethi ngabantu; uthetha ngoMoya Oyingcwele osebantwini. Amen, amen! Nalo ilizwi elililo! Amen! Ichanekile kanye loo nto; ndiyivile leyo! Ewe, mhlekazi! Uyithandle loo nto; ndiyayazi loo nto. Uzuko! Ewe, mhlekazi! Kulungile.

126 Zenze mncinci. Yagquma ubuso bayo ngamabini, intlonelo. Yazithoba ngokugquma iinyawo zayo. Ngoku okwesithathu,

ngamabini yayiphaphazela. Yazifaka emsebenzini ngamabini wawo. Yayihloniphile phambi koThixo. Yayithobekile phambi koThixo. Ingekokuphela kwaloo nto ke, ayizange ihlale nje apho, kodwa yazifaka emsebenzini. Uthetha ngeBandla. Amen! Yazifaka emsebenzini. Nantoni na eyayinayo, yayilungele ukuhamba nayo. Ewe, mhlekazi! Inye kuphela into eyayinokuyithetha yayikukuthi, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele uYehova weMikhosi;” kodwa yazifaka emsebenzini kunye noko. Kunjalo kanye! Yaqalisa ukusebenza. Liswele loo nto kanye ibandla ngokuhlwanje, kukuba kuqala libe nentlonelo, into elandelayo, lizithobe, uze ke ngoku uzifake emsebenzini. Ewe, mhlekazi!

¹²⁷ Wambonisa umprofethi...Ngexesha wayembonisa ngalo umprofethi indlela Abamisa ngayo abakhonzi baKhe, indlela Awayezakwenza ngayo, wenza ntoni lo mfo, le Ngelosi? Lo mprofethi walibona ilizwi layo lishukumisa imigubasi yetempile yakukhwaza. “UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYEHOVA WEMIKHOSI.” Yaze yangcangazela indlu, yaze...Yakhwaza kwakhona, “UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYINGCWELE, UYEHOVA WEMIKHOSI,” yaza yangcangazela indlu.

¹²⁸ U-Isaya wathi, “Athi ke mna!” Umprofethi, umprofethi ongqinelweyo, ezelwe engumprofethi, umprofethi ongomkhulu weBhayibhile; waze wathi, “Athi ke mna, ngokuba amehlo am abone ubuqaqawuli bukaThixo.” Mjonge nje laa mprofethi ezithoba, umprofethi, indoda elalisiza kuyo iLizwi likaThixo. Kodwa yathi yakubona umbono usenzeka, yathi, “Athi ke mna, ngokuba ndime kufutshane kakhulu ndade ndabona uBukho bukaThixo.”

¹²⁹ Abantu bakuthi baseMelika banamhlanje bangakubona oko, baphume bahambe, bakhuleke. Yinyaniso leyo.

¹³⁰ Wathi akubona umbono ubonakaliswa, umbono obonakalisiweyo (owu Thixo, yiba nenceba kwelihlabathi linezono!)—umbono obonakalisiweyo, wakhwaza, “Athi ke mna, ngokuba ndiyindoda emlomo uyingqambi, ndihleli phakathi kwabantu abamilomo iyingqambi. Andifanelekanga konke, akukho nto ilungileyo kum.”

¹³¹ Kulungile ke, uthi, “Makabongwe uThixo, ndingowebandla lamaRhabe, amaWisile, amaBhaptizi, abakwaMoya, akufuneki ndihlale ndimamele loo nto.” Ungakanani umahluko okhoyo, onjani wona umahluko.

¹³² Uyakukhumbula ke, lo mprofethi, owayebizwe kwasekuzalweni kwakhe, waza wangqinelwa, enyulelwe kwisikhundla sakhe kwangaphambili, wabe ke efuna iNyaniso, ube kunye nokumkani. Wayekhe wayibona imisebenzi kaThixo ibonakalisiwe, kodwa kwakufika umbono otyhilekileyo, endaweni yokuba imphakamise loo nto, wathi, “Athi ke mna. Andifanelekanga konke. Ndivelwe ke ngoku, ngokuba amehlo am abone uzuko lukaThixo.”

¹³³ Thina ke singalubona uzuko lukaThixo, sibuye sijike sithi, “Ligquba labazenzi-ngcwele, abantu abaphambeneyo.” Akumangalisi ukuba singahambeli ndawo nje.

¹³⁴ Ngoku khumbula, ndanixelela ukuba xa ndisihla ndisiza apha ukuze ndibenento endiyithethayo, yinto eyakubanceda abantu. Ewe, sifanel’ukuba sibe—siYihlonele. Sifanelwe kukuba siyinike yonke nje intwana yentlonipho esinako ukuyinika, xa sibona umbono otyhilekileyo ovela kuThixo uthetha, sisazi ke ukuba yiNyaniso.

¹³⁵ “Athi ke mna,” watsho u-Isaya. “Ndisendlwini ngokuhlwanje (okanye namhlanje nokuba kwakuxeshanini na), ndaye ndibona uzuko lukaThixo. Ndibona iNgelosi ithetha, ndibona kukho into eshukumayo. Kwakhona ndikhangela phaya phezulu, ndibone uThixo ebonakalisiwe kanye kule ndawo. Athi ke mna, ngokuba ndiyindoda emlomo uyingqambi, ndaye ndihleli phakathi kwabantu abayingqambi.”

¹³⁶ Khangela ukuba kwenzeka ntoni na. Owu, wenza ntoni? Wabonakalisa i—u-Isaya umprofethi ukuba abantu bayakuhlonipha, bayakuba nentlonipho phambi kwaKhe. Intlonipho, nokuthobeka, uze kwakhona ube semsebenzini. Yinyaniso leyo! Uqalise ukungena emsebenzini.

¹³⁷ Njengalaa mfazi wayesequleni, wathi akubona kukho into eyenzekayo, mzalwana, wayenamaphiko amabini. Wabaleka wemka ngawo ngokukhawuleza okukhulu. Waphuma ukuya apho kweloqula likaYakobi eyokukha loo manzi angcolisekileyo babexoxisana ngawo; kodwa wathi akusela kuMthombo woBomi, waqalisa ukusebenza ngokukhawuleza okukhulu. Akazange athi, “Mhlekazi, nceda ndixelele wayifumana phi imfundo yakho? Wayifumana phi le nto? Wayifunda njani le nto?” okanye, “Wazi njani ukuba bendinamadoda amahlanu? Wazi njani ukuba yintoni na undonakale kum? Wazi njani ukuba ndingumfazi waseSamariya? Uzazi njani ezi zinto?” Akazange abe nambuzo; Wathi, “Nkosi, ndiyaqonda ukuba

unguMprofethi. Siyazi ukuba xa athe wafika uMesiya, uyakusixelela ezi zinto.” Owu, nkosi! Wayiqonda ngeSibhalo loo nto. Waza wathi, “Ndiyazi ukuba xa athe wafika uMesiya, uyakusixelela ezi zinto.”

Wathi, “NdinguYe.”

¹³⁸ Waqalisa ukusebenza. Wehla ngqo wangena esixekweni waya ebaleka kangangoko wayenako; wathi, “Yizani, nibone uMntu Ondixelele izinto endakha ndazenza. Ayingebi nguye na lo uMesiya?” Akubona iNyaniso, akazange azame ukuthabatha ibhola, wa—kodwa waqiniseka ngokuYinika i—i—intlonipho eninzi. Kwaye wayeqiniseke ngokuYinika inkxaso eninzi, kuba wehla wangena edolophini esithi, “Yizani, nibone. Ukuba aniyikholelwa, yizani, hambani nam.” Uzuko!

¹³⁹ Ndiziva ndinjengomzenzi-ngcwele ngokuhlwanje. Ewe, mhlekazi! Wowu, ukuba yindlela oziva ngayo leyo xa ungumzenzi-ngcwele, mandibe nguye. Ewe, mhlekazi! Ndiyazi ukuba Uyinine. Ndiyazi ukuba Ulapha. Ndiyazi ukuba kwalaa Mesiya mnye, ndiyazi ukuba laa Thixo mnye, laa Kristu mnye, ulapha kanye kulendlu incinci indala ishushu ngokuhlwanje. Ndinganibonakalisela. Amen!

¹⁴⁰ Khangela nantsiya iNgelosi yeNkosi imi kulaa kona kanye phezu kwendoda ehleli phaya. Igama layo ngu . . . Ingumfundisi. UMnu. Witt. Uvela eVirginia (kunjalo!) ukhathazwa yinkathazo yemithambo-luvo. Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, ungagoduka uphiliswe. Uyayikholwa, mhlekazi? Kulungile, goduka uphile; inkathazo yakho yemithambo-luvo iphelile.

¹⁴¹ . . . ? . . . uhleli kanye phaya; igama lakhe nguMorriah. uvela e-Illinois. Unenkathazo yethumbu langasemva. Ukuba uyakukholwa yiloo nto, mhlekazi. . . Uyayikholwa loo nto? Andazani nawe. Uyakholwa yiloo nto? Iyakumka kuwe. Haleluya!

Xa ilahle lomlilo lachukumis’umprofethi,
Limenz’abemsulwa abemsulwa kangako;
X’iLizwi likaThixo lathi, “Ngubani
n’owoSiyela?”
Waphendula, “Ndikho; thuma mna!”

¹⁴² Akunamsebenzi nokuba yintoni na intshutshiso, akunamsebenzi nokuba uyintoni na umnqamlezo, “Thuma mna, Nkosi; ndikho!” Akunamsebenzi nokuba bangaphi na abakudanisayo, nokuba kungaphi na *oku*, *okuya*, okanye *okunye*, “Thuma mna!”

143 Usekwa ngulaa Mesiya mnye. Ulapha kanye ngoku. NdiyaMbona kwakhona. Amen! Yintoni na?

144 Laa mfazi waqalisa ukusebenza. Wayenawo loo maphiko waqalisa ukubhabha. Waqalisa ukusebenza ngokukhawuleza okukhulu.

145 Wathi umpostile uPetros, wathi akumthabatha eLizwini laKhe uThixo ngenye imini phaya phandle elwandle... Wayelobe bonke ubusuku akabambisa nto. Waza weza kuye uYesu; Wathi, “Wuphosele kwelinye icala lomkhombe umnatha wakho.”

146 Wathi, “Nkosi, ndingumlobi; ndiyazazi ixesha ezitya ngalo nezingatyiyo ngalo. Ndiyazazi apho zikhoyo nalapho zingekhoyo. Kodwa ndilobe ubusuku bonke andabambisa nentlanzi encinane le. Ngoku, ukuba Uthe wuphose ngaphaya... Ndiyazi ukuba akukho ntlanzi phaya, kodwa ngeLizwi laKho, Nkosi, ndizakuwuthoba umnatha.” Wenza ntoni ke? Wazifaka emsebenzini. Amen!

147 Kukho iqula elizele ngamanzi apha. Ukuba awukabhaptizwa eGamani likaYesu, lixesha lokuba ungene emsebenzini. Ukuba ulilungu nje lenkonzo ube ungamazi uThixo ngobhaptizo lukaMoya Oyingwele, lixesha lokungena emsebenzini. Akunjalo? Gquma ubuso bakho ngentlonipho. Gquma iinyawo zakho ngentobeko, ugobe amadolo akho uqalise ukusebenza. Ukuba awumazi uThixo, qalisa ukungena emsebenzini.

148 Yathi indoda eyimfama eyayingenakubona, uYesu akuthetha nayo, watshicela edakeni, walubeka emehlweni ayo, wayenza ukuba iphile—iphilise. Wathi akwenjenjalo, yaqalisa ukusebenza. Yalibabaza udumo lwaKhe. Ayizange izame ukuthabatha ibhola; kodwa mzalwane, yalusasaza udumo lwaKhe kuzo zonke iingingqi ezazikufutshane. Yenza ntoni ke? Yaqalisa ukusebenza.

Ngaxesha lithile indoda eyimfama yaphiliswa baze bathi... “Laa ndoda ingumoni. Awuyazi nokuyazi!”

149 Yathi, “Ukuba ungumoni okanye akanguye, andazi; kodwa ndazi ntonye, bendiyimfama nje, kungoku ndiyabona.” Yenza ntoni? Yaqalisa ukusebenza.

150 Yiloo nto eliswele yona ibandla. Ukungena emsenzini! Sinako kakhulu ukuzimilisa, sinaso kakhulu isidima sasehlabathini; siswele ukungena emsebenzini. Amen! Yalusasaza kude udumo lwaKhe kwindawo yonke.

¹⁵¹ Abaa bantu phaya ngePentekoste, babengazi kakhulu. Babengakwazi nokusayina namagama la wabo, abanye babo. Babesoyika. Bangena kwigumbi eliphezulu. Kodwa ngenye imini benza ntoni? Benyuka baya phaya ngokuthobela iLizwi laKhe. Bathabatha iLizwi laKhe. Owu, ukuba nje abantu namhlanje bebenokuthabatha iLizwi laKhe, ngoko bangaqalisa ukusebenza. “Hlalani kuwo umzi oyiYerusalem.” ULuka 24:49.

“Niyakwamkela uMoya Oyingcwele emva kweli dinga—emva koku uMoya Oyingcwele uyakuhla phezu kwenu; naye niyakuba ngamangqina aM.” Izenzo 1:8.

¹⁵² ULuka 24:49 wathi, “Yabonani, Mna ndilithumela kuni idinga likaBawo; ke nina hlalani kuwo umzi oyiYerusalem, nide nambathiswe amandla aphuma enyangweni.” Ixesha elingakanani? Iyure enye, iiyure ezimbini, imihla elishumi, iinyanga ezine, iinyanga ezintandathu, kwakungenzi namahluko. Nide! Lixesha elingakanani elo? Nide kuphela. Xa ucela nantoni na kuThixo, hlala apho kanye ade. Amen! Hlala ade. Ade athini? Ide yenzeke. Yibange! Yikholelwe! Bambelela kuyo! Yiya usebenze! Ngqina ngayo! Ngqina! Musa ukoyika. Qalisa ukusebenza!

¹⁵³ Babehleli kwigumbi eliphezulu besenzani? Bedumisa bebonga uThixo. Ngenxa yantoni? Yedinga; babesazi ukuba lifanele ukuba lenzeke. Nantso ke. Qalisa ukusebenza. Hamba umdumisa uThixo lide iDinga lizaliseke. Unalo idinga.

¹⁵⁴ Ukuba uyakholwa ukuba uThixo uyaphilisa, hlala ekusebenzeni. Ukuba uyakholwa ukuba Uzakukubiza uphume ngoku, kwaye ubambelele kuYe, hlala ekusebenzeni. Amen! Hlala usebenza! Unamaphiko amabini, ngoko ke wasebenzise. Hlala usebenza! Washukumisele ngemva nangaphambili. “Nkosi, ndiyakholwa; Nkosi, ndiyakholwa.” Awunakukhwaza nje uthi, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele”; kufanele ukuba uthi, “Nkosi, ndiyakholwa!” Hlala ekusebenzeni! Amen!

¹⁵⁵ Bahlala ekusebenzeni kwade kwavela isandi esivela eZulwini sinjengomoya ovuthuza ngamandla. Kwaza ke ngoko kwakho ukusebenza ngenene. Baqalisa ke ngoko ukusebenza.

¹⁵⁶ Mzalwana, Dade, into esiyibone isenzeka kwezi ntsuku zidlulileyo ifanele ukusibeka ekusebenzeni. Amen! Sifanel’ukuba semsebenzini. Injalo kanye loo nto. Sihlala nje ngokungathi ibiyinto ethile... Kuze kulunge, abantu bahlala

nje, abantu bangePentekoste; iNkosi iyakuba nento eyenzayo; bathi, “Hm! Ilunge kanye laa nto.” Owu, bethu! Akukhangeleki njengeSerafi ehlala kufutshane noThixo kangako. Kunjalo. Isithunywa, esikwasondele kakhulu kuThixo. Uba ngumntwana waKhe phezulu ngaphaya kwesibingelelo sobhedu.

¹⁵⁷ IiSerafi zikwisibingelelo sobhedu. Kodwa wena njengonyana nentombi uyakufika kanye ebusweni bukaThixo. Akufuneki uye ngambingeleli uthile nazo zonke ezi zinto. NguYe uMbingeleli wakho. ‘Yabona? Kanye phaya ebusweni baKhe njengoonyana neentombi. Bazalwana, ndiyakholwa ukuba sinokungaphezu kwamaphiko. Amen! SinoMoya Oyingcwele! Injalo loo nto.

¹⁵⁸ Kodwa sifanele ukuba semsebenzini ngentlonipho nentobeko, hayi ukuba semsebenzini ngokuzama ukutyhalela into ethile komnye umntu, kodwa ngengako intlonipho nentobeko ukuze sibe semsebenzini sithi, “Athi ke thina, sibone uBukho bukaSomandla. Siyibonile imibono isenzeka, kanye le nto Wayithethayo. ‘Imisebenzi endiyenzayo Mna, niyakuyenza nani. Nemininzi kunale niyakuyenza, ngokuba ndisiya kuBawo.’”

¹⁵⁹ Sibone emininzi kuneyakhe yabhalwa e...Kulungile, sibone emininzi ngakumbi isenzeka kwinkonzo enye ngezi zinto kunaleyo ibhalwe eBhayibhileni. Kunjalo kanye. Emininzi ngaphezulu kwinkonzo enye kunebhaliweyo kulaa ma-33 anesiqingatha eminyaka yobomi baKhe. Injalo loo nto. Yicinge nje. Siyibone ngala wethu amehlo. Siyibonile isenzeka. Siyibone ixelwa kwangaphambili, isenzeka, sayikhangela. Iziqhwalala, iimfama, abangakwazi kuhamba, abashwabeneyo, izinto ezixelwe kwangaphambili zaze zenzeka kanye akwabikho nendawo. Ayizanga isilele. Mzalwana, loo nto ibifanel’ukusibeka emsebenzini ngentobeko nentlonipho.

¹⁶⁰ Ukususela phaya emva kanye kumaxesha eBhayibhile ngexesha iNtsika yoMlilo yayindanda phezu koSirayeli, yaza Yenziwa inyama yahlala phakathi kwethu... “Ndaphuma kuThixo ndibuyela kwakuThixo.” UPawulos Ongcwele waYibona wawa ngobuso. Umfundisi omkhulu onjengoPawulos, owafundiswa phantsi koGamaliyeli, wagqusha eluthulini wakhala, “Nkosi, Nkosi, UnguBani na? Ndilungele ukuhamba.” Indoda enkulu, into awayeyiyo, isifundiswa; waza wazithoba, ngenxa yokuba wabona iNtsika

yoMlilo. AsiYiboni kuphela ngamehlo wethu ihambahamba phakathi kwethu, kodwa siYifumene kwakhona nangokwenzululwazi. Loo nto ifanel'ukusifaka emsebenzini.

¹⁶¹ SiYibona isenza izinto ezinye neziya Yazenza phaya kudala. Isazenza nanamhlanje. Idinga likaBawo. Owu, iyintoni? Izele ukungqinela iLizwi, ukubonakalisa ukuba iLizwi linjalo. Loo nto ifanele ukulifaka emsebenzini iBandla, awucingi njalo?

¹⁶² Ngamabini yagquma ubuso bayo ngentlonipho. Ngamabini yagquma iinyawo zayo, ukuthobeka. Ngamabini ke yaqalisa ukusebenza. Yahamba, yazifaka emsebenzini.

¹⁶³ Ngoku, besimele ukuba semsebenzini ngokuhlonela iLizwi. Besifanel'ukubaxelela abantu.

¹⁶⁴ Imiqondiso yokuza kwaKhe ivela, kuyo yonke indawo siyibona izivelisa eLizwini. Siyamva uMoya Oyingewele esiza esixelela izinto ezithile ezizakwenzeka.

¹⁶⁵ Kungengaphezulu kweminyaka engamashumi amabini eyadlulayo kanye apha kwesi sakhiwo sinye, Wasixelela ngokungena kukaMongameli uKennedy. Wasixelela kanye into eyakwenzeka, ukuba abafazi nokunjalo uyakufakwa ngabo lo mfo, kanye nento ayakuba yiyo. Besiyazi ke lonke eloo xesha, wasixelela kanye le nto iyakwenzeka. Yiyo le ke namhlanje. Nantsi nalaa nkomfa isiza, uManyamo lweBandla nako konke kuhlangana. Kutheni oko kungasifaki ekusebenzeni nje? Injalo loo nto. Ah hah!

¹⁶⁶ ILizwi nelizwi kanye njengokuba Wayesitsho, lizaliseke kanye ngathi. Oko kufanele ukusifaka emsebenzini.

¹⁶⁷ Njengomprofethi, sisibonile isiphumo okanye uku—ukuza koko kumkayo, ukuphika, ukuphakanyiswa kwamahlelo, elahlekelwa yindawo yawo.

¹⁶⁸ Njengokuba u-Isaya wemayo phaya, waye yi—yindoda yehlelo indawo yokuqala. Wayethembele ngokumkani, ngenxa yokuba wayeyindoda elungileyo. Kodwa wayibona into eyenziwa kukuziphakamisa kuye. Kwamkhupha ecaleni naphakade. Kwaye sikubonile into ekuyenzileyo ukuziphakamisa kwamahlelo ebandleni. Kuyikhuphe eqongeni le nto ibizwa ngokuba libandla lobuhlelo naphakade. Ndixelele nje apho lakha lavuka khona elinye lawo emva kokuba liwile. Liphi apho likhoyo? Khangela emva kwezembali zonke ubone naliphina ibandla elakha lawa. Lathi nje lakuzenza umbutho, lawa, alizange liphinde libuye kwakhona. U-Uziya akazange

abe abuyele e—etempileni kwakhona. Waba ngoneqhenqa imihla yakhe iphela waza wangcwatywa engoneqhenqa. Ewe, mhlekazi!

¹⁶⁹ Ngoku, umprofethi wayibona into eyenziwa koko. Wayibona ukuba—into eyenziwa koko kuziphakamisa. “Ngoba, si. . .” mhlawumbi, “Phantse wonke. . . Akukho mntu unokungena ehlelweni lethu ngaphandle kokuba avavanywe ngugqirha wengqondo ukubona ukuba impilo yakhe yasengqondweni intle na okanye hayi. Kufanele ukuba abene D.D.D., i-Ph.D. ngaphambi kokuba abenako kwa ukuza—kuma athethe nathi. Iibhodi zethu azinakumthatha ukuba akanjalo.” Owu, nkosi! “Elona lingcono. . . elona lingcono iqela elizweni liyeza. . . Khangela iimoto eziphaya ngakulaa ndawo yethu; kukho ii-Cadillac, nee-Rickenbacker, nezinye ezinjalo.”

¹⁷⁰ Siyibonile loo nto isifa. Siyibona ifile, kwaye yonke loo nto seyizele—kukubalelwa—yenziwe izilonda—yenziwe izilonda ezibi, gxebe, njengoko izibiza ngako IBhayibhile. Izizilonda iyonke ngokupheleleyo. Iyanuka. Injalo loo nto. (Xa sithetha ngokomoya ndiyayitsho loo nto. 'Yabona?)

¹⁷¹ Siwabona ephulukwa kukubambelela kwawo—ukubambelela eLizwini likaThixo ephakamisa imigaqo. Sikubona kusenza ntoni oko? Abethwe ngeqhenqa, ukungakholwa. Hah! Owu, owu nkosi!

Njengoko u-Uziya wazama ukuthabatha indawo yomthanjiswa—yesikhundla somthanjiswa emva kokuba sele ebethiwe, waza wafumanisa ukuba akasiphumelelanga. Sizibonile ke ezi cawe zizama ukuthabatha indawo yesikhundla sokuthanjiswa sokushumayela iLizwi likaThixo zaza zangoolova abakhohliweyo nalo. Aziyazi into ezimelwe kukuyenza. Ulibeka phambi kwabo iLizwi, abayazi amabayenze. Yinto eyoyikekayo. “Sikholelwa ukuba loo nto yayiyeyomnye umhla.” Yintoni na? Bakhohliwe. Ungathini ukubamba isikhundla somthanjiswa kaThixo uze ulikhanyele iLizwi laKhe elithanjisiweyo elinguYe buqu ekwimo yeLizwi? Ungathini ukuphika ukuba iLizwi linyanisile ube usathi uthanjiswe ngoMoya?

¹⁷² Inye kuphela into eyakubonakalisa iLizwi likaThixo nguMoya Oyingcwele ngokwaKhe. “Akufika ke uMoya Oyingcwele, Uyakuzithabatha ezi zinto zaM anibonise zona.” Injalo loo nto. Ungayithabatha njani indawo yesikhundla

somthanjiswa uphinde ube ngowomgaqo okanye ihlelo? Afile! Into omelwe kukuyenza kukuwa phantsi ukhale uthi, “Nkosi Thixo, ndiyindoda emlomo uyingqambi.” Ewe, mhlekazi!

¹⁷³ Laa mahlelo azama ukuthabatha indawo yebandla elingcwele. “Siyakholwa kuThixo uYise, Onamandla onke, uMdali weZulu nomhlaba, nakuYesu Kristu uNyana waKhe. Siyakholwa kwiBandla elingcwele laseRoma eLikwilizwe lonke,” nakuzo zonke ezi zinto zahlukeneyo. “Siyakholwa bubudlelane babangcwele.”

¹⁷⁴ Ndikhohwa kubudlelane bukaKristu. Ewe, mhlekazi! Ndiyakhohwa ukuba abangcwele basebuqaqawulini, ngokuqinisekileyo. Kwaye ndiyakhohwa ukuba sinoMlamleli omnye phakathi koThixo nabantu. Ewe, mhlekazi! Lahla laa nto... Apha, iBhayibhile iyayiphikisa loo nto. Bathi, “Ke yiBhayile leyo.” NguThixo lowo! ULizwi wayenguThixo, waze uLizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu. Ngoku, iLizwi lisenyameni yethu, liZenza ukuba libonakaliswe, lithanjiswe nguMoya Oyingcwele. Lixesha lokuba siye ekusebenzeni. Injalo loo nto.

¹⁷⁵ Iziphumo zombono kumprofethi (owu, nkosi!) zambanga ukuba avume ukuba wayengumoni (umprofethi othanjisiweyo). Wathi, “Ndiyindoda emlomo uyingqambi, andilunganga. Ndenze okungalunganga. Ndiyingqambi oku kwam.” Wayengumoni. Wavuma izono zakhe. Ewe, mhlekazi! Kwenza ukuba umprofethi kaThixo avume ukuba wayengumoni; yinto eyenziwa nguloo mbono leyo. Umntu oyi-D.D.D., Ph.D. ethile uyakuwuhleka. Obekufanele ukuba ungowesifundisi senkonzo ethile.

¹⁷⁶ Uyivile into ethethwe nguMfundisi omkhulu wamaRoma kolwaa sasazo lweendaba namhlanje? Uthe, “Kukho abathile abafundisa ukuba ukubuya kweNkosi kuzakufika msinyane.” Uthi, “Kodwa kakade, kufuneka siliguzule eloo qela. Sifuna ukulumanya unqulo lwehlabathi.” Ngokuqinisekileyo kanye. Nina bantu, ningahlelwa bubuthongo ngoku. Le nto isondele kunokuba nicinga. Lo mfo unjengalowa kanye wayengamazi uYosefu, uyazi.

¹⁷⁷ Khangelani, abanye bangena kanye ngokunobuqhinga kangangoko benokuba nako. Banayo indawo yokubambelela kanye kulaa ndawo yokugqibela, apho bayakwenza khona umfanekiso walo ngokuthabatha uManyano lweBandla, belenza ukuba lithethe kanye njengokuba irhamncwa

lathethayo, balinike amandla okutshutshisa bonke abantu abakholwayo, lize liguqule amaxesha nemithetho kaThixo. Kanye kanye le nto yathethwayo. Sizakufika kuloo nto ethubeni; seliphele kakhulu ixesha ngokuhlwanje, kodwa siza—niyayazi phofu. Ewe, mhlekazi!

¹⁷⁸ Yamenza ukuba—yamenza ukuba avume ukuba ungumoni ...?...Ngoba, ukuba yayingaba babizwa njalo namhlanje, babenokuthi, “Kulungile, ndinguGqirha u*Zibani-bani*.”

Ndakha ndeva uBhishophu esithi, “Ndakufika ezulwini, uyayazi into endiyakuyenza?” Wathi, “Ndizakuya ku—kuYesu ndithi, ‘Uyandazi ukuba ndingubani? NdinguBhishophu u*Zibani-bani*.’”

Wathi, “Ewe, ndakhe ndamva umama ethetha ngawe.”

Wathi, “Abantu abakholelwa iBhayibhile bafana nokuyalula kumanzi anodaka; awuzazi nalapho uya khona.”

¹⁷⁹ Awucingi njalo. NguYe uMkhokeli wam. (Ndizakushumayela ngaloo nto ngokuhlwa kwangomso.) Ewe, mhlekazi! Uyakukukhokela akuweze kuwo wonke amanzi anodaka ekuwelwa kuwo, kuzo zonke izabatha eziyingozi, nakuzo zonke iindawo eziphakamileyo, nakwiindawo ezisezantsi. Nokuba kuphi na, Uyakundikhokela andiweze umlambo wokufa. Amen! Owu, ewe mhlekazi! Uyakukhokela. “Xa kufika ukufa andiyi koyika bubi ngokuba Unam Wena. Ewe, nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyikoyika bubi; ngokuba ulapho Wena.”

¹⁸⁰ “Ukuba ndithe ndazandlalela kwelabafileyo,” watsho uDavide, “nako Yena ekho.” “Okanye, ukuba ndithe ndathabatha amaphiko esifingo, ndaphaphazela ndemka, Ukho nalapho. Uhlala ephambi kwam, ukuze ndingashukunyiswa.” Amen! Owu, nkosi! Wathabathe loo maphiko ungene ekusebenzeni ngawo ngoku. Ewe, mhlekazi!

¹⁸¹ Umprofethi waqalisa ukusebenza ngokukhawuleza okukhulu naye; waya emadolweni. Waza wathi, “Ndiyindoda emlomo uyingqambi.” Kwaza kwathi nje ukuba avume izono, kwafika ke ngoko ukuhlanjululwa. Kufuneka uvume izono kuqala.

¹⁸² Ndifuna ukuba uqaphele, wathi lo mprofethi...Yicinge nje, u—ingenguye...Umntu owayeme kunye norhulumente womanyano, umprofethi ongqinelweyo, kwathi ke nje ukuba

abone laa mbono wokuqala... Wayengazange wabona mibono ngaphambili; wayenokolunye uhlobo. Wayekuva ukukhokela kukaThixo ehamba ngokweLizwi. Kodwa ngelithuba yayingumbono otyhilekileyo, waza wakhala, “Ndiyindoda emlomo uyingqambi ndayendi—bonke aba bantu bazingqambi. Athi ke mna, kuba ndibona ubuqaqawuli bukaThixo bubonakalalisiwe.” Ke thina sibujonga nje. Besifanele ukuba siyabhabha simke. ‘Yabona, ‘yabona?

¹⁸³ “Ndiyindoda emlomo uyingqambi.” Wehla waya esibingelelweni, waze wathi, “Ndiyindoda emlomo uyingqambi, Nkosi. Ndingenza ntoni, ndingenza ntoni, ngokuba ndiKubonile ubonakalaliswe apha? Ndibona iNgelosi iyingcangcazelisa le nto. Ndiyibona ithetha, kwakho into eshukumayo phaya ngasemva.” Amen! (Ndiyathemba ukuba anilalanga.) Owu, nkosi! Ithetha kwaza kwenzeka into. Uzuko! Kwenzeka ntoni?

¹⁸⁴ Sifumanisa ukuba wavuma izono zakhe, kwaza kwathi nje akuyenza loo nto, elaa lizwi likhulu belithetha labhabha lehla, lambamba ngesandla, lathabatha isithabatho, lathatha ilahle, lalibeka esandleni salo, leza lalibeka emlonyeni ka-Isaya, lamhlambulula.

¹⁸⁵ Qaphela, ayizange imthumele ukuba emke ayokufumana isidanga se-Ph.D..Ayizange innike incwadi yemithetho ukuba ayifunde; kodwa Yena—uThixo wayebonisa umprofethi ukuba awaKhe amandla okuhlambulula kungomlilo ophuma esibingelelweni. Amen! Indlela kaThixo yokuhlambulula namhlanje asikokucengceleza umgaqo okanye ukujoyina icawe; kungamandla kaMoya Oyingcwele nomlilo ohlayo umhlambulule umntu kuko konke ukungakholwa kwakhe. Amen!

¹⁸⁶ Indlela kaThixo yokuhlambulula umprofethi kungomlilo, hayi ngomgaqo. Angazi ntoni umprofethi ngomgaqo? Uzakusetyenziswa nguThixo. ILizwi laliza kubonakalaliswa ngaye, ngoko Wayengenakumnika umgaqo. Wayeyakube ebambelele kuloo mgaqo. Ngoko ke Wathabatha umlilo ophuma esibingelelweni wamhlambulula umprofethi.

¹⁸⁷ Kukuvuma izono kuqala, ize ibe kukucocwa ngomlilo. UZuko kuThixo! Owu, khangelala! Ukuvuma, kuqala, ukucocwa, okwesibini, umyalelo, okwesithathu. Amen! Nantso ke. Kuqala vuma, “Andilunganga!” Okwesibini, ukucocwa.

UkuGwetyelwa, UkuNgcwaliswa, noBhaptizo lukaMoya Oyingcwele. 'Yabona? Uvumo lwezono, ukucocwa, nokuyalelwa. "Hambani ngoko niye kulo lonke ihlabathi nishumayele iiNdaba eZilungileyo. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo." Amen!

¹⁸⁸ Emva kovumo lwezono kuza ukucocwa. Emva kokucocwa kuza ukuyalelwa. Shumayela iiNdaba eZilungileyo, philisa abagulayo. Akunamsebenzi nokuba babesithini na abantu wa . . .

¹⁸⁹ Ekugqibeleni laa mprofethi mncinane uthandekayo wafa phantsi kokutshutshiswa ngokuthi asarhwe abe ngamasuntsu ngesarha.

¹⁹⁰ Khumbula, kwaba xa u-Isaya wenza isivumo sokuba wayengalunganga. Wayengalunganga ngokuphelelo; wayethembele ngomgaqo wakhe ('yabona?) ayame ngengalo yo—yomntu, umcimbi owenziwe ngabantu. Wayebone ukumkani owayeyindoda ebalulekileyo; wayeyindoda elikholwa. Kodwa wabona ukuba bonke abantu bayakusilela. 'Yabona? Kodwa wathi akukuguqula oko, wakhangelapha phezulu, waza wabona umbono wokuba wayenguBani na UThixo, emva koko wathi, "Ndifuna ukuvuma ukuba andilunganga. Laa migaqo midala ayinakuba sandenzela nto, kuba seyifile yasilela. ('Yabona?) Ibethwe ngeqhenqa, kodwa ndibone ubuqaqawuli bukaThixo bubonakalalisiwe." Umgaqo awunakuyibonakalalisa loo nto. Umgaqo awunakuyithetha ngolwaa hlobo. Umgaqo awunakuyenza ngolwahlobo. Kuthabatha uKristu ukuyenza ngolwaa hlobo. Ngoko ke wathi nje ukuba ayibone loo nto, wathi, "Ngoku, bendingalunganga konke, Nkosi." Kwaza ke kweza ekucocweni; kwaza ke ngoku kweza umyalelo. Owu, nkosi!

¹⁹¹ Kwaba ngoko ke ukucocwa kuku-Isaya . . . Wathi akukhwaza uThixo, "Ngubani na owoNdiyela," yangu-Isaya owathi, "Nkosi, ndikho, thuma mna!" Umprofethi ocociweyo.

¹⁹² Owu, awuyiboni ke *Impembelelo?* Musa ukuthatha impembelelo kaMarthela. (Ndiyathemba ukuba ayilogama lomntu olapha elo.) Musa ukuthatha amagama a—a—impembelelo yentombazanana ohamba nayo kwisikolo semfundo ephakamileyo, okanye esikolweni esiqhelekileyo, okanye ummelwane othile ozichebileyo iinwele zakhe anxibe iibhulukhwe ezimfutshane; musa ukuyithabatha loo mpembelelo. Musa ukuyithabatha impembelelo yomlungiseli

wemigaqo ethile olikhanyelayo iLizwi likaThixo akunike umgaqo; musa ukuyithabatha loo mpembelelo. Kodwa yima phaya ude ububone ubuqaqawuli bukaThixo busiwa, ubone nto ithile ishukuma ngeziphumo zayo, uyibone kanye ngalendlela uThixo ayithethe ngayo. Ukhwaze ukhale, “Athi ke mna, Nkosi; bendingalunganga. Ndicoco ngoku, Nkosi. Ndicoco! Moya kaThixo Ophilayo ndiwele ngokutsha.”

Lath'ilahle lomlilo lakumchukumis'umprofethi,
 Limenz'abemsulwa msulwa kangako;
 Lath'ilizwi likaThixo lakuthi, “Nguban'owosiyela?”
 Waphendula wathi, “Nkosi, ndikho, thuma
 mna!” (Wayeselelungile. Kwakukho into
 ayibonileyo. Ewe, mhlekazi!)

Izigidi ngoku ezonweni nehlazo ziyafa;
 Phulaphula usizi lwazo nesikhalo esikrakra.
 Ngxama, mzalwana, ngxama uzihlangule;
 Khawuleza uphendul'uthi, “Nkosi, ndikho!”

¹⁹³ Kukho into efanele ukwenziwa. Liphelile ixesha kunokuba sicinga ukuba kunjalo. Wanga umbono kaThixo ungabaphembelela kangako abantu, ngokokude babone ukuba kwalaa Thixo wayesetempileni kunye no-Isaya ukwanguThixo omnye kwindawo yaKhe engewele namhlanje. Ukwindawo engewele kaMoya Oyingcwele. UnguMoya Oyingcwele. Wakhe wabayinyama; ngoku unguMoya ohambahamba phakathi kwabantu baKhe, ezibonakalisa ephilile, engengomgaqo ufileyo, kodwa inguKristu ophilileyo, inguye izolo, namhla, nangunaphakade. Owu, Isaya, phendula ngokukhawuleza, “Nkosi, ndikho; thuma mna.”

Masithandaze. Iintloko zethu sizithobile. . .

Lath'ilahle lomlilo lakuchukumis'umprofethi;
 Limenz'abemsulwa msulwa kangako;
 Lath'ilizwi likaThixo, “Ngubanin'owoSiyela?”
 Waphendula wathi, “Ndikho, thuma mna!”
 (Sonke.)

Thetha, Nkosi yam; Thetha, Nkosi yam.
 Thetha ndakukhawuleza ukuKuphendula.
 Thetha, Nkosi yam, Thetha, Nkosi yam.
 Thetha, ndakukhawuleza ukuKuphendula,
 “Nkosi, thuma mna!”

¹⁹⁴ Ngoku, isenokuba ngummelwane wakho; isenokuba ngumfazi osebenza naye, indoda osebenza nayo, kodwa kuyakuba...

Izigidi ngoku ezonweni nehlazo ziyafa;
(Kwimigaqo namahlelo.)

Owu, phulaphula usizi lwazo nesikhalo esikrakra.

Ngxama, mzalwana, ngxama uzihlangule;
Khawuleza uphendule, “Nkosi, ndikho!”

Thetha, Nkosi yam; Thetha, Nkosi yam.
(Ndibone umbono ovela eNkosini; ndawubona usenzeka.)

Thetha, ndakukhawuleza ukuphendula (Sele ethethile ngoku.)

Thetha, Nkosi yam; Thetha, Nkosi yam.
Thetha, ndiyakuphendula, “Nkosi, ndikho!”

¹⁹⁵ Ngoku, iintloko zethu zithotyisiwe, ingaba ngokuhlwanje, njengokuba bendinixelele ukuba ndiyehla, ndizama ukufundisisa into endicinga ukuba iyakunceda. Nimbonile laa mprofethi; wayeyindoda enkulu. Wayezalelwe into yokuba ngumprofethi. Wafumanisa ukuba uthabathe indlela engeyiyo; wayayame ngengalo ka-Uziya, ukumkani. Wabona ukuba awunako ukwayama ngeengalo zenyama. Iyatshabalala. Yinto engalunganga. Kodwa khangela phezulu ubone uThixo ehleli phezulu etroneni yaKhe. Khangela phaya phezulu kuYesu; Wathi, “IseNdim izolo, namhla, nangonaphakade.” Mvumele akuthabathele phezulu kuMoya. Khangela nje ubone ukuba AkasenguYe na izolo...

¹⁹⁶ Wathi laa Isaya mncinane akubona umbono kaThixo usihla ungena etempileni, wayesele elungele ukuvuma ububi bakhe. Wayelungele ukuvuma ukuba akukho nto ilungileyo konke wakha wayenza. Waza ke ngoko wabhabha ukuya esizweni; wenza yonke into eyayilungile ngoko. Yonke into awayenokuyenza, wade ekugqibeleni wabutywina ngegazi lakhe ubungqina bakhe.

¹⁹⁷ Ndiyacinga ukuba ingaluluvo lwethu sonke olo. Bangaphi abaziva bethanda ukuthi—naku Thixo bathi—oyakuthanda—ukuba uyakuthi kuThixo, “Ndim lo, ndikho; thuma mna!” Phakamisani izandla zenu. “Ndim lo, ndenze ndingqine kwindoda ethengisa ubisi. Mandingqine ku—kuye nabani na endinako, kubekho into endiyenzayo. Makubekho into

endiyenzayo. Nkosi, andingo—andiceli kuba ngumshumayeli. Andiceli ukuba koku, kodwa, Nkosi, ukuba ndingumlimi, ndenze ndibe ngumlimi oyakungqina kumlimi ongummelwane wam. Mandibe ngumlimi oyakuthi xa athengisa isivuno sakhe, ndibenokungqina kophatha isivuno. Mandibe ngumlimi. Ukuba ndingu—ukuba ndingumfazi, mandingqine kwindoda ethengisa i-inshorensi. Mandingqine kwindoda ethengisa ubisi, kwinkwenkwe ethengisa iphepha-ndaba. Makubekho into endiyenzayo, Nkosi. Ndenze ndiye ebumelwaneni ndibabalwe ngodade wethu lo ulapha ebumelwaneni umbi wonayo. Mandimnike ubungqina ngobumnandi. Mandibugqume ubuso bam ngamaphiko am entobeko; mandizigqume ngokunjalo iinyawo zam. Mandibe nentlonipho eBusweni baKho, kodwa ndithume ngamanye amaphiko amabini, Nkosi, ngokukhawuleza kumntu othile. ‘Ndikho, thuma mna, thuma mna!’”

¹⁹⁸ Ngenxa yoku ke masime ngenyawo sonke sizenzele inkonzo yokuzinikela kuThixo. Onamandla onke ulapha. Niyayikholwa loo nto? SikuBukho baKhe obuNgewe. Ningalibali ngoku. UBukho baKhe bulapha isebubo kanye njengoko... Ngeliphandle, ukusukela oko ndithe ndema apha, ndibone isine okanye isihlanu semibono sele isenzeka. Injalo loo nto. Injalo loo nto. Babengaphezu kwesibini okanye isithathu abantu abangabalapha enkonzweni abangakhange bathethe nanto; kodwa Bulapha isebubo. Kulungile.

Ngoku, into esifuna ukuyenza, elowo kuni ngendlela yakhe, masizinikeleni kuThixo.

Sibona umqondiso uvela wokuz’okungcwele
kwaKhe;
Khangelani, amasebe omkhiwane abaluhlaza.
IVangeli yobuKumkani baKhe ikuzo
zonk’izizwe,
Sesisondele ke, isiphelo singabonwa. (Kunjalo.
Akunjalo?)

Ngovuyo ngoko; siyakuvalalisa uMyalezo
wokuvela kwaKh’okungcwele;
Msinyane Uyez’eseBuqaqawulini sixelela
bonke.

Ngoko vukani, bangcwele beNkosi,
Nozela njani isiphelo sisondele,
Masilungel’ubizo lokugqibela. (Amen!)

Izizwe ziyaphuka; uSirayel'uyavuka; (Usisizwe ngoku.)

Imiqondisw'eyaxelwa ngabaprofethi,

Intsuku zentlanga zibaliwe,

Zizele ziinkathazo, (Niyayibona isiza apha phesheya, asizozizwe zodwa, ngawo namabandla.)

Buyani, okanye nimke, kukuni.

Imini yokuhlangulw'isondele;

Intliziy'ebantwini ziyema kukoyika;

Zaliswani nguMoya,

Izibane zilunge;

Khangela phezulu, intlanguw'isondele.

Abaprofethi bobuxoki bayaxoka;

Baphik'inyaniso kaThixo,

Ukuba uYesu, uKristu, nguThixo wethu.

(Niyazi ukuba banjalo.)

.....

Yaye—kodwa sakuhamb'aph'abaPostile banyathela khona.

Kub'imini yentlangulw'isondele;

Intliziy'ebantwini ziyema kukoyika;

Zaliswani nguMoya, Izibane zilunge;

Khangela phezulu, intlanguw'isondele.

¹⁹⁹ Wosule uphele laa msi wobuhlelo. Kosule kuphele okwaa kudyobheka kwihlabathi. IGazi likaYesu lingaphezu kokukwanela ukukucoca. Khangela phezulu! Izibane zenu mazikhanye. Thabatha loo maphiko ubhabhe uye emntwini khona ngoku.

Masiphakamise izandla zethu ngoku sithi, “Thixo, ndim lo, thuma mna.”

²⁰⁰ Bawo waseZulwini, ndizinikela kuWe ngokuhlwanje, Nkosi, kunye nelibandla, emva kwalo myalezo, ungqwabalala, ulukhuni, “Ndikho, Nkosi, thuma mna.” Nali ibandla lam, Nkosi. Banga bangabugquma ubuso babo ngentlonipho. Bangangazigquma iinyawo zabo ngentobeko. Banganganenkuthazo yokubhabha noMyalezo, ngokukhawuleza, baye komnye umntu. Siphe oko, Nkosi. Banga bangangqina ngokunencasa, babeyityuwa yehlabathi enoMsindisi wayo kuyo. Nkosi, Thixo, ngumbengelelo wethu lo. Ngumnikelo wethu lo. Ngumbulelo wethu lo. Koko

sikunqwenelayo oku, Nkosi. Sithume ngokuhlwanje kumntu olahlekileyo. Singangabatsalela enkonzweni ngomso kwindawo ethile. Singangabafundisa indlela yeNkosi. Bangangasindiswa, Nkosi, kuba liphelile ixesha kunokuba sicinga. Siphe oko, Nkosi.

²⁰¹ Singanganyaniseka koku ezintliziyweni zethu. Njengokuba siyithetha ke, Nkosi, thabatha ilahle lomlilo kaMoya Oyingcwele elisuka esibingelelweni esiseKalvari; chukumisa yonke intliziyo nemilebe ngokuhlwanje, Nkosi, ukuze singathethi buxoki, ukuze sithethe iNyaniso. Sithathe ngokuhlwanje, Nkosi, njengoko sinjalo. Asingobashumayeli sonke. Asingobaprofethi sonke. Asingabo abathetha ngeelwimi sonke. Asingabo abemisebenzi yamandla sonke, kodwa sonke sinayo into yokwenza. Sibonise ukuba iphi na, Nkosi. Singqine, sicule iindumiso zaKho. Njengesonka phezu kwamanzi ke, kuyakubuya ngemini ethile yozuko. Siphe oko, Nkosi. Sithi aba. Sithume kubamelwane bethu naphina apho sinokuya khona, kubantu bakuthi, sibaxelele ngokuza kweNkosi. Siphe loo nto, Bawo.

²⁰² Sisikelele ngoku. Sanganganokuphumla okwaneleyo emizimbeni yethu ngokuhlwanje. Singangavuka size enkonzweni kusasa; wanga Ungathetha nga—ngamandla kakhulu ngomso, Ukuze ungashiyi nalinye ilitye lingangcwalisekanga, ukuze wonke umntu abenokwazi ukuba kungenwa njani na koku. Sifundise, Nkosi. Silindile. Sifundise ngomso kusasa ukuba singafika njani na kumlinganiselo ozeleyo apho siyakuba ngoonyana neentombi zikaThixo. Silindele kuWe, Nkosi, nelahle lomlilo selilungele ukuba libekwe emilonyeni yethu. Silindile, Bawo, eGameni likaYesu.

²⁰³ Ngoku, sizithobile iintloko zethu. Ndizakucela umlungiseleli ngoku ukuba eze ngaphambili azokuvala inkonzo. UThixo anisikelele. Ndithembe ukunibona kusasa ngomso ngoku. UThixo abe nani, aphilise bonke abagulayo nabaxhwalekileyo phakathi kwethu, enze elowo kuni... Ndiziva ndizaliswe nguMoya khona ngoku. Ndiyamva uMoya Oyingcwele. Ndiva uBukho baKhe. Ndiyazi ukuba Ulapha. Ndiqinisekile ukuba Ulapha. NdiyaMbona; ndiyazi ukuba Ulapha. NdiMbona ehambahamba, laa Ntsika yoMlilo inkulu. Uzuko!...?...isibonakalaliso soBume baKhe, ubungcwele boBukho baKhe...?...UBume baKhe obundilisekileyo. Thixo fukamela aba bantu; makungabikho nomnye olahlekayo, ndiyathandaza. Uzuko kuThixo!



Impembelelo Yomnye Umntu Komnye, Umq. 2 Inani 5
(*One Man's Influence On Another, Vol. 4 No. 11*)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngoMgqibelo ngorhatya umhla we-13 ku-Oktobha, ngowe-1962, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1994 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org